

Wes-Kaap Onderwysdepartement  
Western Cape Education Department  
ISebe leMfundu leNtshona Koloni

# Jaarverslag Annual Report INgxelo yoNyaka

## 2007/08

©2008 Western Cape Education Department



*PR Number: PR125/2008  
ISBN Number: 978-0-621-37918-1  
To obtain additional copies of this document  
please contact:  
Head Education, Private Bag X9114,  
Cape Town, 8000.  
Tel: 021 467 2531  
Fax: 021 461 3694  
E-mail: media1@pgwc.gov.za  
Om verdere afskrifte van hierdie dokument te bekom,  
tree asseblief in verbinding met:  
Hoof Onderwys, Privaatsak X9114,  
Kaapstad, 8000.  
Tel: 021 467 2531  
Faks: 021 461 3694  
E-pos: media1@pgwc.gov.za  
Ukuba ufuni iikopi ezongezelweyo zolu xwebhu,  
nceda uqhagamshelane  
kunye:  
NeNlolo: kwezeMfundu, Private Bag X9114,  
Cape Town, 8000  
Umnxeba: 021 467 2531  
Ifekisi: 021 461 3694  
I-E-Mail: media1@pgwc.gov.za*

# **ISebe leMfundu leNtshona Koloni**

**Ingxelo yonyaka: 2007/2008**

**Iziqulatho**

**Amaphepha**

Ingcaciso ngokubanzi 1-6

Indlela ekuqhutywe ngayo 1-80

Ingxelo yeKomiti yaBaphicothi-ncwadi 1-3

lingxelo-mali zonyaka 1-55

ULawulo lwezaBasebenzi 1-27



## IMBULAMBETHE

Le Ngxelo yoNyaka inika irekhodi ebanzi kakhulu ngomsebenzi weSebe leMfundu leNtshona Koloni (*Western Cape Education Department (WCED)*) ngonyaka-mali ka-2007/08, njengoko lathi laphumeza IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (*Annual Performance Plan*) se-WCED laza lazama ukuphucula ukwazi ukufikelela kwimfundu elinganayo kumntu wonke.

Iprojekthi eziphambili kulo nyaka zibandakanya ukuphunyeza kohlenga-hlengiso lwesebe ukuze likwazi ukufikelela kwijinjongo zalo. Uphawu oluphambili lohlenga-hlengiso kukuqaliswa kweekomiti zeesekethe ezingama-49 eziya kuzisa inkxaso yezophuhliso kufuphi kakhulu nezikolo. Ukuphuculwa kolwazi lokwenza uphando, lokuqlunqwa kwemigaqo-nkqubo nokucwangcisa ngobuchule (*strategic planning*) ikwazezinye zeempawu ezibalulekileyo zohlenga-hlengiso.

I-WCED yaqalisa uhlenga-hlengiso Iwestraksha ngokubanzi (*macrostructure*) ngo-Oktobha 2007 yaye iya kuphumeza uhlenga-hlengiso Iwamacandelo ngamacandelo esebe (*microstructure*) ngo-2008/09, ijolise nangakumbi ekuphuhliseni ngamandla ukwazi ukwenza umsebenzi kweekomiti zeesekethe nezithili zemfundo.

Ezinye iiprojekthi eziphambili zibandakanya IsiCwangciso solwazi lokuFunda nokubhala nokubala (*Literacy and Numeracy Strategy*). I-WCED iye yavavanya phantse wonke umfundi weBakala 6 ngo-2007. Ireyithi yokupasa kulwazi lokufunda nokubhala iqhubekile isiba bhetele kancinane, kodwa abafundi basaqhubeka befumana ubunzima kwimathematika. Kusafuneka kwensiwe umsebenzi omkhulu kakhulu ukwazinisekisa ukuba abafundi bayahlangabezana neemfuno ezimiselweyo zekharityhulam kulwazi lokufunda nokubhala nakulwazi lokubala, kune nokuba kuyancitshiswa mpela ukungalingani kwinkqubo yemfundo.

Ireyithi yempumelelo yabafundi kwizikolo eziphakamileyo isengowona mnjeni mkhulu kakhulu, apho ingabafundi abaya kutsho kwi-50% abashiya isikolo phambi kokuba baye kufika kwiBakala 12. Iprogram ezizodwa zokuhlangabezana nalo mnjeni zibandakanya i-National Learner Achievement Strategy, yezikolo ezipaselwa kuViwo IweMatriki ngereyithi engaphantsi kwe-60%.

I-WCED iphumeza iintlobo ngeentlobo zeeprogram ezinjongo ikukulwa umkhosi wemingeni kwizikolo zethu nakwiikholeji zeFET, kwakunye nokuphuculwa kwemfundu yabasaqalayo (*early childhood development*), imfundu yabafundi abanezithintelo ekufundeni (*learners experiencing barriers to learning*), ukhuseleko ezikolweni nemfundu yabadala.

Eyona nto inye itshatsheleyo enxulunyaniswa nayo yonke le mingeni yintlupheko. Ukuqinisekisa ngemfundu esemgangathweni, ingakumbi kubantu abathwaxwa yintlupheko, yeyona nto ephambili ekufuneka yensiwe nesoloko iqhubeka ingumneni we-WCED. Imfundu inendima ebaluleke gjitha eyidilalayo ekwenzeni inguqu kuluntu lwethu ngokuthi iquinisekise ukuba abafundi bethu banako ukuphila ubomi obuyimpumelelo yaye babe negalelo kwezophuhliso Iwezentlalo, Iwezoqoqosho nezenkcubeko.

Le ngxelo ijonga le mingeni mininzi ijongene nemfundu eNtshona Koloni nokuba yenza ntoni na i-WCED ukuhlangabezana nayo. Sicela onke amaqela achaphazelekayo ukuba ayifunde le ngxelo, axoxisane nathi ejonge izinto ngeliso elibukhali aze asebenzisane nathi ngendlela eyakhayo njengoko sizama ukwakha inkqubo yemfundu eyenzelwe ukutshintsha ubomi babantu ize yakhe ikamva leli lizwe.

Yousuf Gabru  
UMphathiswa weMfundu, eNtshona Koloni zoLuntu



## ICANDELO 1 – INGCACISO NGOKUBANZI

### 1.1 Ukungeniswa kwengxelo yonyaka kwisigqeba solawulo

Nantsi ingxelo yethu yeSebe lezeMfundu leNtshona Koloni yonyaka ka-2007/08 esiyingenisa ngokusemthethweni besiqqeba solawulo.

### 1.2 Intshayelelo yentloko yeziko

*Kusetyenziswa abaququzeleli beSicwangciso soPhuhliso IwaBasebenzi (Human Capital Development Strategy) ukuhlanganisa nokubhala amanye amaggabatshintshi onikezo-nkonzo ngalo nyaka uphononongwayo.*

#### Imiqathango yeMfundu

- a) Icandelo IoLawulo leSicwangciso soPhuhliso IwaBasebenzi (HRD) liphuhlise inkqubo yoqequesho yaMaqumrhu oLawulo lweZikolo (SGBs). I-CTI neenkqubo zongenelelo zobunkokeli ethe yazimisela ezifana nezifundo ze-“Principal as Manager of the Curriculum”, “Women in, and into, leadership”, ezizizifundo ezilungiselelwe abo banqwenela ukuba zinqununu kunye neenkqubo zoqequesho zeSMT.
- b) Inani lezikolo ezifumene iwonga lika-Section 21 (we-South African Schools Act, 1996) zinyukile zaya kutsho kuma-996 (2007/08). Kusaqhutyekwa nokuxhassa izikolo ezingama-456 ezishiyekileyo ezikhuthazwayo nazo ukuba zibe zizikolo eziphantsi ko-Section 21.

#### Ukuphucula imeko yezeMfundu

- a) Uyacotha kancinci umsebenzi wokwakha iDalubuhle Primary School. Ukwakhiwa kweWellington neBloekombos Secondary School entsha kuqhuba kakuhle kakhulu. Kuqikelelwa ukuba ezi zikolo zibini zamabanga aphakathi ziya kube sezilungelwe ukusetyenziswa ekuqaleni konyaka ka-2009.
- b) Inkqubo yoPhuculo lweMigangatho, uPhuhliso, iNkxaso kunye noPhakamiso IwaBafundi (QIDS-UP) iphucula izinga nokusebenza ngempumelelo kohanjiso lweenkonzo nezibonelelo ezikolweni kwimimandla ebihlelekile yaye inegalelo kulawulo oluphuculwego lwezibonelelo zezikolo.
- c) Kuphuhliswe iSicwangciso seZikolo eZikhuselekileyo ezihlanganisiweyo yaye ngoku sele sikwinqanaba lokugqibela. Esi sicwangciso senziwa kusetyenziswana nabathathi-nxaxeba abohlukileyo abasebenza apha kwiWCED, saze saqiniswa luthatho-nxaxheba kunye nokuzinikezelza kwamasebe ephondo nawesizwe abandakanya isebe loKhuseleko IoLuntu, iiNkonzo zaMapolisa oMzantsi Afrika (SAPS), elezoBulungisa kunye neloPhuhliso lwezeNtlalo.
- d) linkqubo zesicwangciso sokuziphatha kwabafundi ziye zamiselwa kuzo zonke izithili yaye kuye kwaxhotyisa nootitshala ngezakhono zokujongana “nokwahluka” okanye “uphuhliso”. Umgaqonqubo weyona migangatho iseantsi kwiinkonzo zemfundo yezakhono ezithile okanye ezizodwa ezilungiselelwe abafundi abanobunzima beemvakalelo/okanye bokuziphatha uye wamkela yaye kuye kwensiwa iimanyuwal zahanjisa ezikolweni.
- e) linkomfa zeeSGB zeMimandla ziye zabanjwa ngoSeptemba 2007.
- f) Inkqubo yokufundisana nge-HIV/AIDS sele iqalile ukufumana iwonga kwihlabathi jikelele. Kungokunje ikho kwizikolo zamabanga aphakathi eziyi-136 nakwizikolo zamabanga aphantsi ezigaphezulu kwe-200 yaye kungokunje ivavanywa kwiiKholeji zeFET.
- g) Inkqubo i-Schools as Nodes of Care (SNOC) ijolise kubantwana ababuthathaka ukukhuthaza ukuba bakhathalelwe, nokuba izikolo zibe ngamaziko abandakanya naxhasa wonke ubani. Isebenzisana nee-SGB kunye nemibutho yasekuhlalen, le nkqubo imisela ubudlelwane kwimimandla okanye uthungelwano lwenkxaso – yaye isebezisana namaphulo ahambelana neli afana ne-*Health Promoting Schools* (HPS), *iSafe Schools* ne *Extra-Mural Education Programme* (EMEP). Izikolo ezikwindawo ezhilelekileyo (Nodal schools) bezisindleke iJamborees ukuzisa iinkonzo zikarhulumente wesizwe, oweephondo nowemimandla (ezifana nokubhaliswa kwezatiflikethi zokuzalwa, ii-ID, ukuphunyezwu kwegranti zasekuhlalen, ukuchazelwa nge-HIV ne-TB kunye nokuzivavanya ngokuzithandela) ezikolweni.
- h) Ngo-2007/08 bekukho iiprojekthi ezi-5 yezikolo ezizodwa ezimalunga neZixhobo zokuXhasa ukuFundu nokuFundisa ebezibabiso i-R138.447m. Zonke izinto ebezifuneka (100%) ziye zathunyelwa ezikolweni phambi komhla wokuqala wokuvulwa kwezikolo.

## Ukuphucula uMgangatho wezeMfundu

- a) Icandelo le-Quality Assurance likhuphe uxwebhu lwengxoxo malunga nemfundo yoluntu esemgangathweni laze labamba neNkomfa yoMgangatho wezeMfundu eyaba yimpumelelo ngo-Agasti 2007.
- b) Inkubo yokulandelwa kwenqubela yabafundi iyasebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente nezo zijongene nezakhono ezithile.
- c) I-WCED ifumene imvume kwi-DoE ukuba yenze uqhagamshelwano phakathi kwe-CEMIS neeNkqubo zolawulo lweSikolo (School Administration Systems (SASAMS)).
- d) Abafundi bebanga lematriki baka-2007 baye baphumelela kwelona zinga liphezulu kwilizwe lonke ebelingu-80, 6%. limviwo zokuggibela ezipheleleyo ze-Senior Certificate zibhaliwe ngo-2007 yaye bebebaninzi abafundi ebebehialele ezo mviwo. Kuye kwabhalisa abafundi abafunda isigxina nabafunda ngamaxesh a thile abayi-69,310 kwaze kubo kwaphumelela abayi-33,787. Kwabefunda isigxina abayi-10,300 baye bafumana iziqinisekiso zokuphumelela imatriki apho eziyi-4,530 zifunyenwe ngabafundi abangabafana zaze eziyi-5,770 zafunyanwa ngabasetyhini.
- e) Inani elipheleleyo ngoku lezikolo ekungahlawulwa mali kuzo eNtshona koloni limi kwi-653, ezo zikolo zinabafundi abamalunga nama-346000 okanye i- 37.6 yepesenti yabo bonke abafundi.
- f) Ukunyuka kwenani lezithuba zootitshala (ebezinyuke ngezithuba ezingama-747 ku-2008) kuye kwanegalelo elibalulekileyo lokulungelanisa inani lootitshala nenani labantwana kwiklasi nganye, nto leyo ebaluleke kakhulu ekunikezwensi kwemfundu esemgangathweni. Ekuqaleni konyaka ka-2008, bekukho izithuba zeetitshala eziyi-31 619 ezamkelwego.
- g) Inkubo yoTitshala abaNcedisayo (TAP) iqueshe ootitshala abancedisayo abayi-510 kwizikolo eziyi-163. Aba titshala bancedisayo baye baqeQeshwa kwikholeji zeFET. Kuye kongezwa novavanyo lwenqubo yokufunda nokubhala yeentsapho kwizikolo eziyi-28 (iintsapho eziyi-280) yaye ifuthe layo lisalandelelw.
- h) Kuqeshwe umntu oza kuba yinkokeli yeprojekthi yeSicwangciso seZifundo zokuBhala nokuFunda nokuBhala kune neseZibalo, loo mntu uza kujongana nale nkqubo ngokupheleleyo.
- i) Ngo-2007 kuye kwaziswa okanye kwandlalwa ngokusemthethweni iSicwangciso seNguqu kuLwimi (Language Transformation Plan (LTP), esikhuthaza ufundiso ngeelwimi ezimbini, ngolwimi lwenkobe kune nolunye kwiminyaka yokuqala emithandathu yesikolo. Zonke izikolo kuye kwafuneka ukuba zenze imigaqonkqubo yowlimi ekwabonisa nezicwangciso zokuba ziza kupuhliswa kanjani na izakhono zabafundi zokunxibelelana ngazo zo-3 iilwimi zephondo xa begqiba iSigaba 9. I-LTP iye yawongwa nguPANSALB ngewonga eliyi-*"Multilingualism and Nation-building provincial government department of the decade"* ngo-2008.
- j) NgoJuni 2007 kuye kwaqeQeshwa ootitshala be-FET abayi-5 648 beBanga le-10 ukuya kwele-12 ze iiseshoni zeZifundo ezintsha zaba zeZona zinde, ebezibandakanya ezolimo, izifundo zokudanisa nezifundo zeteknoloji (ezibandakanya iCAT ne-IT).
- k) Iprojekthi kaKhanya, enoxanduva lokuxhasa nokunusa izinga lokufundisa nokufunda ezikolweni kusetyenziswa ubuchwepheshe bolwazi bonxibelelwano (ICT), isoloko ifumana iwonga njengeprojekthi eza nezinto ezintsha kwi-ICT esekelwe ezikolweni yaye ifumene amawonga ali-12 kwisizwe hakwiphondo kule minyaka mibini idlulileyo. Ukuza kutsho ngoku incede izikolo eziyi-813 ekusebenziseni i-ICT ngempumelelo yaye kukho ezinye izikolo eziyi-179 ezikumanqanaba ahlukileyo olungiselelo. Ziyi-32 011 iikhompyutha ezisetyenziswa kwizikolo zeKhanya neteknoloji esetyenziswa ngootitshala abayi-19 750 ukufundisa ikharityhulam enceda abafundi abayi-663 852 ukuba bakwazi ukufikelela kwimfundu.
- l) Imfundu yoPhuhliso lwaBantwana abaseBancinci ibonwa njengekhulalo eliphambili lokuphucula ukukwazi kwabantwana ukufunda nokubhala kune nokubala kwiphondo. Kubonelelwwe ngeenkqubo zoqeQesho kubaqeQeshwa abayi-2 600 njengenxalenye yesicwangciso esihlanganisiwego se-ECD ngaphakathi kwiSeBe leeNkonzo zeNtlalo. Kukhutshwe iikit eziyi-200 ebekukho kuzo izixhobo zokufunda ngaphakathi nangaphandle kweklasi ezinikwe ootitshala abakwiNqanaba 5 abasebenza kwiklasi zeBanga R. Kuhanjiswe iipowusta eziyi-4000 (ngeelwimi ezintathu) kuhanjiswa umyalezo wokuba abantwana baBhalise kwaNgethuba kwiBanga R kwiindawo zonke kwiphondo. Ekupheleni konyakamali ka-2007/08 izikolo eziyi-100 ezineBanga R ziya kube zinoojingi babantwana namacingo okubiyela.

- m) Iiprojekthi yeeLayibrari eziThuthwayo okanye eziHambayo eziphantsi kwe-EDULIS, ziphumelele iBronze Star Award ye-Impumelelo Innovation Awards Trust. Ngoncedo Iwe-NGO yaseJapan kune ne-Together with Africa and Asia Association (TAAA), kuthengwe iibhasi ezintlanu zamathala eencwadi. Ezinye iibhasi ezisalindele imvume yokuba zithunyelwe ezsuka kwelinye ilizwe, ziza kusetyenziswa yiEDULIS. Sithenjiswe ngezinye iibhasi kwixa elizayo.
- n) Kunyakamali ka-2007/08, kuye kwamiselwa amanqwanqa ahlukileyo okuGada nokuHlola nathe aqiniswa liCandelo loLawulo: loQinisekiso IweMigangatho (Quality Assurance). Oku kubandakanya: ukuqjinisekiswa kolwazi olubonelelwé ngaManyathelo okuJonga iNTsebenzo yeeNkqubo zeZithuthi zaBantwana, Ukungahambi iSikolo kooTitshala nokwaBantwana, uvavanyo loQeqesho lweetitshala ze-ECD (EPWP); Uvavanyo Iweeprojekthi ezingundoqo ze-HCDS ezifana ne-Dinaledi ne-NLSA; upuhhliso Iwesikhokelo sokuhlelwa kwezikolo nokubekwa kweethagethi.

#### **Ukuphucula inkqubo yokukwazi ukuFumana iMisebenzi nokufumana iZakhono eziNqabileyo**

- a) Siyaqhubeaka nokuxhasa izikolo eziyi-53 zeDinaledi/MST ekubeni zigxininise ekupuhliseni izifundo zemathematika, ezenzululwazi kune nezetechnoloji kwiphondo. Banyuke nge-32% abafundi abathatha izifundo zeMathematika nezeNzululwazi kwezi zikolo.
- b) Izikolo eziyi-28 ezinezifundo ejolise kwizakhono ezithile ezibonelela ngezifundo ezizodwa zobuGcisa neNcube, ezoShishino, uRhwebo noLawulo, kune nezoBunjinel neTeknoloji ziya zikhula noko. Kuye kwasetyenziswa imali kwizibonelelo zazo, izixhobo kune neencwadi ukulungiselela ezi zifundo zizodwa. Izifundo ze-ACE ziayafundiswa ngamathuba athile e-Cape Peninsula University of Technology ezelungiselelwé ootitshala abayi-20. Ngaphezu koko, kuye kwabanjwa iindibano zocwego, iinkomfa neeseshoni zabafundi. Ngo-2007, amanani abantu abebelilele iimviwo zesatifikethi sebanga leshumi anyuke ngo-460 kwizifundo ezigxile kwizakhono ezizodwa. Ngo-2006, izinga lokuphumelela liye lenyuka kuzo zonke ezi zifundo. Izinga lokuphumelela ngokweepesenti kwezobuGcisa neNcube linyuke nge-13% (72% ukuya ku-85%), ezoShishino, uRhwebo noLawulo, nge-1% (87% ukuya ku-88%) ze kwezoBunjinel neTeknoloji lanyuka nge-20% (41% ukuya ku-61%)
- c) Uhlangahlengiso IweeKholeji zeFET luyaqhubeaka yaye lusekelezelwe kumiselvo IweNkqubo zeSatifikthi seSizwe (soQeqesho) ezili-11. NgoJanyuwari 2007 iikholeji zibhalise abafundi abayi-3 222 kwiinkqubo ezintsha ze-NCV ezili-11. Abaviwa abayi-47 117 baye bahlalela iimviwo zika-2007 kwizifundo ze-N aphi kuphumelele i-74%.
- d) Ngenxa yesidingo esikhulu sokufaka abafundi kwiZikolo zeZakhono, iMitchell's Plain School of Skills iye yavulwa ngoJanyuwari 2007 yaze iSiviwe School of Skills yavula eGugulethu ngoEpreli 2007.
- e) Kuye kwaqeleshwa ootitshala beSigaba 9 kwisifundo seZobomi baze baxhaswa kwikhondo labo ngenqubo yePACE. Kuye kwabakho uqeleshwa lokusebenza inkqubo yePACE Iwabanye ootitshala abayi-171 kuMabanga 10, 11 nele-12. Kuye kwaqeleshwa ootitshala beSigaba 9 kwisifundo seZobomi abakwizikolo ezigxinise kwizifundo zokukhulisa izakhono ukuze bancede abafundi ekukhetheni izifundo abaza kuzithatha kwiBanga 10. Kusensiwa nje uvavanyo, kuye kwaqeleshwa ootitshala beSigaba 7 ukuze bancede abafundi ukubakhokela nokufaka izicelo kwizikolo ezigxinise kwizifundo ezithile.
- f) Abafundi abadala abayi-1 896 baye babhalisela ukuchophela iimviwo ze-GET ngoOktobha 2007 (i-81.8% yabo bafundi ibineminyaka engaphantsi kwengama-44 ubudala). Candelo leMfundu yaBadala noQeqesho libonelele ngezifundo kubasebenzi abayi-627 baMasebe ePhondo ahlukileyo ali-10. Amaziko ezeMfundu asekuhlaleni ayi-267 abonelele ngethuba kubantu abadala abayi-40 100 ukuba bagqibezele isikolo sabo. Abantu abadala abayi-1573 bathathe inxaxheba kwiinkqubo zexesha elfutshane zokuphuhisa izakhono ebezifundiswa kuMaziko eMfundu yaBantu aBadala ezigxinise ekuthungeni, idizayini yefashoni, ukwenziwa kwamakhandlela, imisebenzi yezandla ebandakanya, ukwenza iintsimbi, ukuThunga ngeNgca nemisebenzi eyenziwa ngeMithi. Ezi nkqubo zixhobisa abantu abadala ngezakhono ezifunekayo ukuze bakwazi ukugesheka okanye baziqeshe ngokwabo.

#### **1.3 Ulwazi ngeli Sebe lezeMfundu**

Izinto abeke iliso kuzo uMphathiswa wezeMfundu luphuculo IweziFundoo zokuKwazi ukuFunda nokuBhala kune nezokuBala, ukuDizayinwa ngokuTsha kwe-WCED; ukumiselwa ngeMpumelelo kwekharityhulam yeFET nokunatyiswa kwecandelo leeKholeji leFET; uKhuseleko IweZikolo, upuhhliso IweziBonelelo kune nezo zasekuHlaleni ezichaphazela imfundu. Ezi kune nogxininiso kwi-ECD, ABET nophuculo Iwezikolo kushwankathela izinto ekuza kugekhaniswe kuzo kwesi sithuba seminyaka emi-5.

Kulo nyaka uphononongwayo, u-MEC, iGosa lakhe loQhagamshelwano negosa leKholeji zeFET baye batyelela eUSA ukusukela ngowe-20 – 30 Epreli 2007 (ngenkxasomali ebisuka ikakhulu kwi-“Association of School Business Officials”) ukuze kupuhliswe ngakumbi ubudlelwane, ukuqokelela ulwazi kunye nokudala uthungelwano malunga nePhulo loPhuhliso lwezobuGcisa noBuchule eliHlanganisiwego apho kuye kwakhiwa ubudlelwane ne-La Guardia Community College, neAssociation of Community Colleges kunye ne“Teach for South Africa”. Olu tyelelo lwalubandakanya uthethwano neOperation Hope olwakhokela kwiMemorandum yeSivumelwano sokufumana utyalomali olungaphaya kwe-R7m kwizifundo “ZoLwazi ngeZimali” kwizikolo zaseNtshona Koloni.

U-MEC wayeyinxalenye yabathunywa bephondo ababeye kwiphondo le-Shandong kwi-People's Republic of China ngowe-29 Oktobha – 6 Novemba 2007, malunga nezivumelwamo ezisemthethweni ekwangenwa kuzo yi-WCED neSebe lezeMfundu laseShandong kunye neQindao Agric University neBoland College. Imiba yogxininiso yayibandakanya iinkqubo zotshintshiselwano, iiKholeji zeFET kunye nothungelwano malunga nenkcubeko yezinto eziemanzini kusetyenziswa iiKholeji zeFET.

Ukusukela ngowe-5 - 10 Februwari 2008, uMEC noDDG: weKarityhulamu batyelela eUK ukuya kuzimasa inkcazelo ngenkqubo yekhompyutha eyiApple malunga nendima yeICT ekunikezeni imfundu ekumgangatho ophezulu. Kwabakho notyelelo olufutshane oluva elreland malunga neprojekthi ye-Amawele yokuhlobanisa izikolo eziSelreland kunye nezikwiNtshona Koloni – ubuhlobo bamazwe amabini obujolise kwizikolo zaseCork kunye nezikolo ezikuMbidi-dolophu ezifundisa i-Creative Arts.

#### 1.4 linjongo-siseko zesebe

linjongo-siseko<sup>1</sup> zeSebe lezeMfundu leNtshona Koloni kukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bafumana, ulwazi, izakhono nobugcisa kwakunye neenqobo eziemgangathweni abazidinyo ukuze:

- Bafikelele kuko konke abanokukwazi ukukwenza
- Bazalisekise ubomi babo
- Babe nendima kupuhlisu lwezentlalo nelozoqoqosho
- Bathathe inxaxheba ngokupheleleyo kubomi belizwe lethu
- Bakhuphisane nehlabathi lonke, yaye
- Bakhe uluntu olukwaziyo ukulawula ubomi balo ngempumelelo nangesidima.

#### 1.5 Ugnyaziso loWiso-mthetho

Constitution of the Republic of South Africa, 1996 (Act 108 of 1996), as amended

Constitution of the Western Cape, 1998 (Act 1 of 1998)

South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996), as amended

National Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996)

Further Education and Training Colleges Act, 1998 (Act 16 of 2006)

General and Further Education and Training Quality Assurance Act, 2001 (Act 58 of 2001)

Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)

Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)

Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999), as amended

Municipal Finance Management Act, 2003 (Act 56 of 2003)

The Annual Division of Revenue Act

Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994)

South African Qualifications Authority Act, 1995 (Act 58 of 1995)

Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)

Medium Term Budget Policy Statement 2008 – 2011

Provincial *iKapa Elihlumayo* Strategy

Human Capital Development Strategy

National Curriculum Statements

Micro-economic Development Strategy

White Paper 4 on Further Education and Training

White Paper 5 on Early Childhood Development

White Paper 6 on Inclusive Education

<sup>1</sup> Njengoko ichaziwe kwi- “Isicwangciso soPhuhliso IwaBasebenzi” sePhondo

## ICANDELO 2: INDLELA EKUQHUTYWE NGAYO

### 1. Iimali ezivotelweyo

Uhlahlo-mali olunguNdoqo	Uhlahlo-mali OluHlengahlengisiweyo	Iimali eyiyo esetyenzisiweyo	Inkcitho enganeno kobe kumiselwe
R7 684 658 000	R7 822 732 000	R7 737 797 000	R84 935 000
UMphathiswa ekuxhomeke kuye	UMphathiswa wezeMfundu zePhondo		
ISebe eliLawulayo	ISebe lezeMfundu		
IGosa elinika ingxelo	INTloko yeSebe, ISebe lezeMfundu laseNtshona-Koloni (i-WCED) (UMphathi-Jikelele wezeMfundu)		

### 2. Linjongo zovoto

Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi bazuza ulwazi, izakhono neenqobo ezsengangathweni abazidingayo ukuze babe nokufikelela kwelona qondo liphezulu labo lamandla okusebenza, ukuze babe nokuba negalelo kubomi beli lizwe, babe kumgangatho wokukhuphisana nezinye izazi zehlabathi ze kwakhiwe intlalo yoluntu olukwaziyo ukulawula impilo yalo ngempumelelo nangesidima. Eli phulo yintlaka nexolo nombono othi "Ikhaya lokufunda labo bonke" kwaye uqutywa sisiCwangciso-qhingga soPhuhliso lweZakhono zabaSebenzi sephondo esijolise ekuphuculeni iimeko zemfundo, ekuphuculeni imimandla engqonge imfundu, ekuphuculeni umgangatho wemfundu nasekwandiseni imithombo yezakhono kunye nemfanelo zemfundo.

### 3. Isishwankathelo seenkqubo

Icandelo leMfundu lamkele uhlahlo-lwabiwo mali oluhambelana neentlobo zeenkqubo ezibonakalisa ezona nkqubo zimbalwa. Imisebenzi ye-WCED ihlelwnegezi zinkqubo zisibhozo zilandelayo.

Inkqubo	Inkqubo esekeleyo
1. Ulawulo	1.1. I-Ofisi ye-MEC 1.2. linkonzo zolawulo 1.3. Ulawulo lwezemfudo 1.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 1.5. INKqubo yokuLawula uLwazi lwezeMfundu (i-EMIS)
2. IMfundu yeziKolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke	2.1. Izikolo zikaRhulumente zamaBanga aPhantsi 2.2. Izikolo zikaRhulumente zamaBanga aPhakamileyo 2.3. linkonzo zomsebenzi 2.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 2.5. Inkqubo yokutiyisa kwabantwana ezikolweni
3. IziBonelelo-mali zeziKolo eziziMeleyo	3.1. Isigaba esisezantsi 3.2. Isigaba esiphezulu
4. IMfundu yeziKolo zikaRhulumente ezineziDingo ezizoDwa	4.1. Izikolo 4.2. linkonzo zomsebenzi 4.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
5. UQeqesho neMfundu eQhubeketayo	5.1. Amaziko karhulumente 5.2. linkonzo zomsebenzi 5.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi 5.4. Izbonelelo ezixhomekeka kokuthile
6. UQeqesho neMfundu yabaDala esisiSeko	6.1. Izbonelelo kumaziko abucala 6.2. linkonzo zomsebenzi 6.3. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
7. UPHuhliso lwaBantwana abaseLula	7.1. IBanga R kwizikolo zikarhulumente 7.2. IBanga R kumaziko oluntu 7.3. linkonzo zomsebenzi 7.4. Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi
8. linkonzo ezincedisayo nezfana nazo	8.1. Iintlalwulo ze-SETA 8.2. Iphulo lezibonelo-mali ezilawulwa kokuthile ze-HIV/ AIDS 8.3. Iimviwo zangaphandle 8.4. Uqequesho lootitshala 8.5. iKapa Elihlumayo

#### 4. Isishwankathelo seemeko zonikezelo Iweenkonzo ngo- 2007/08

Inani labantu baseNtshona-Koloni likhule ngokukhawuleza kule minyaka mihlau idlulileyo kwaye lisaghube ka nokukhula. Ngokweenkukacha zoBalo Jikele IwamaKhaya lowama-2007, olukhutshwe liZiko leNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA) ngomhla wama-24 Okthobha kowama-2007, iNtshona-Koloni ilikhaya kubantu abamalunga nezigidi ezingama-5,279, nto leyo imele i-10% labantu boMzantsi Afrika bebonke. Inani labantu baseNtshona-Koloni likhula nge-16,1% ukususela ngoBalo-bantu lowama-2001, nelilqondo lokukhula eliphezulu kakhulu xa kuthelekiswa namaphondo ewonke eloMzantsi Afrika. Le mfuduko yangaphakathi, xa idityaniswa neqondo lokuzalwa kwabantu eliphezulu, inempembelelo enku kakhulu ekwandenki kwentswelo-msebenzi kweli phondo, ngakumbi kubantu abatsha kweli phondo.

IZiko leNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA) liqikelela ukuba izinga lemfuduko yangaphakathi, phakathi kwamaphondo eya kwenze ka ngowama-2005 - 2015 iya kufana nqwa naleyo yenzeka kowe-1996 - 2001. lingqikelelo ezibonakaliswe apha ngezantsi zemfuduko iyonke yeminyaka emihlanu (u-+) umele imfuduko engenayo iyonke, u-(-) ubonakalisa imfuduko ephumayo iyonke) ukuya kumaphondo ukusuka ngo-2006 - 2011:

Iphondo	Ukunyuka / (ukuhla)	Iphondo	Ukunyuka / (ukuhla)
Mpuma-Koloni	(323 622)	Mpumalanga	(42 190)
Freyistatha	(58 514)	Mntla-Koloni	(28 167)
Rhawuti	533 410	Mntla-Ntshona	(64 176)
KwaZulu-Natala	7 707	Ntshona-Koloni	228 480
Limpopo	(252 928)		

Isiphumo sokwanda kwamanani abantu eNtshona-Koloni kukuba zonke iintlobu zemfundo noqequeso kwiphondo nazozikhulile ngokwamanani kule minyaka imihlanu idlulileyo: lisayithi ze-ECD, izikolo, iikholeji ze-FET, amaziko abantu abadala nezinye iinkqubo zemfundo yamava nobugcisa. Kodwa kona ukukhula kwamanani abafundi akunakuqikeleka. Oku kwenza uwangciso lobonelelo ngeenkonzo, ngakumbi amagumbi okufundela nootitshala, lube nzima kakhulu.

Oovimba beenkukacha-lwazi zezikolo zikarhulumente zikawonke-wonke zeleNtshona-Koloni ukusukela ngowe-1995 ukuya kowama-2008 zinikiwe kuTheyibhuli 1 ngezantsi ukubonakalisa ukukhula kwamanani abafundi kwiphondo nokubonakalisa umceli-mngeni wokuqala i-WCED ejongene nawo. Nangona kubekho ukuhl kwababalisele ukufunda kwamnye amaphondo, i-WCED yona iyaqhube ka ibonakalisa ukunyuka kwamanani abafundi ukuya kutsho ku-2004. Ukunyuka kwamanani ngendlela engaqhelekanga ukusuka ngo-2003 - 2004 ngama-23 121 kwabangelwa ikakhulu kukutshintsha komgaqo-nkqubo wokwamekela abantwana kwisiBanga 1 owaqala ukusebenza ngo-2000 (kwakunye nesizathu sokuhla kwamanani abafundi ngo-1999 ukuya kutsho ku-2000). UPhando IweZikolo loNyaka lowama-2005 alubonakalisa kunyuka ukusuka ngowama-2004 ukuya kutsho ngo-2005. Oku kubangelwa ikakhulu kukunyuka okungahelekanga kowama-2004. Amanani ka-2006 afunyenwe okokuqala kwi-CEMIS (iNkqubo yokuLandela uMkhondo wabaFundi) abonakalisa ukwehla okukhulu ukusuka ngo-2005 ukuya ku-2006. Ukukhula ukusuka ku-2006 ukuya ku-2007 kubesisipumo sokuhluma okuqhelekileyo nokulindelekileyo.

#### ITheyibhuli 1: Amanani abafundi ababhalise kwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke 1995-2007

Unyaka	Banga 1	Banga 2	Banga 3	Banga 4	Banga 5	Banga 6	Banga 7	Banga 8	Banga 9	Banga 10	Banga 11	Banga 12	Itotali
1995	99,158	84,963	80,921	79,199	76,789	72,293	68,795	67,473	61,079	50,698	41,124	34,659	817,151
1996	99,998	84,845	81,137	79,996	77,673	74,142	69,474	72,116	62,696	54,440	43,574	36,764	836,855
1997	97,854	84,892	80,608	81,191	76,894	74,368	70,967	73,261	64,892	57,070	44,586	38,940	845,523
1998	99,380	90,168	85,625	85,188	80,881	76,716	73,928	76,949	67,644	61,926	46,115	40,980	885,500
1999	87,436	92,925	88,613	88,014	83,074	78,495	74,661	79,043	69,674	63,479	49,247	40,206	894,867
2000	64,844	81,865	92,343	91,949	85,766	80,658	75,813	80,026	70,634	63,840	48,934	40,996	877,668
2001	81,790	62,960	81,832	94,302	89,254	83,305	77,778	82,190	71,966	67,034	50,206	39,910	882,527
2002	86,969	77,026	64,134	83,022	93,188	86,786	80,865	75,601	80,450	69,752	51,618	40,468	889,879
2003	86,916	82,454	75,931	66,033	82,383	92,341	84,514	81,154	73,200	81,739	51,746	39,644	898,055
2004	104,105	82,130	81,489	76,781	66,060	82,574	89,614	85,053	78,964	80,756	54,199	39,451	921,176
2005	93,515	94,231	80,695	80,809	74,984	66,141	81,953	88,778	82,169	81,577	56,657	39,303	920,812
2006	90,346	85,738	89,955	80,398	77,835	73,096	65,090	80,665	81,869	84,095	57,385	38,845	905,317
2007	92,794	82,548	83,900	89,960	78,658	78,007	72,726	66,403	80,698	86,494	61,938	41,301	915,427
2008	92,591	83,187	79,306	85,664	86,886	77,945	75,902	71,933	72,638	78,418	63,047	43,693	911,210


Umthombo weenkukacha-lwazi:

1995 – 2005: UPhando IweZikolo loNyaka (IziKolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke)

2006: I - CEMIS yalo nyaka (31 Matshi 2007)

2007: I - CEMIS yalo nyaka (31 Julayi 2007)

2008: I - CEMIS yalo nyaka (31 Matshi 2008)



### Umzobo 1

Umthombo weenkukacha-lwazi:

1995 – 2005: UPhando lweziKolo loNyaka (IziKolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke)

2006: I - CEMIS yalo nyaka (31 Matshi 2007)

2007: I - CEMIS yalo nyaka (31 Julayi 2007)

2008: I - CEMIS yalo nyaka (31 Matshi 2008)

IZiko leeNkukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA): Amanani abantu ngowama-2007 asekwe kuBalo Jikelele lwamaKhaya ngowama-2006

Kule minyaka mihlalu idlulileyo, iphondo leNtshona Koloni libe nokuphucu-phucuka okungathangani ngokuphathelele kumgangatho wemfundo yabasebenzi. Asinto intsha nengenakulindelwa ukuba iqondo lempangelo kubantu abatsha, ngakumbi kwabo baphantsi kweminyaka engama-25 ubudala, libe ngaphantsi kwelabantu abangebatsha. Ubungqina bale nto bucaciswa gca liqondo lengqesho lama-29,3 eepesenti kubantu ababudala buphakathi kwe-15 ukuya kuma kuma-24 (uninzi lwabo olusafundayo kwinxalenye yale minyaka kuthethwa ngayo) kwakunye nelama-69,7 eepesenti phakathi kwabo babudala buphakathi kwama-25 ukuya kuma-34. Kwangokufanayo, kuxhaphakile ukuba abantu abadala babe sele besidla umhlala-phantsi kwaye neqondo lengqesho liyakekela kwabo babudala buphakathi kwama-55 ukuya kuma-65 liye kuma kwisinye esithathwini (32,8%).

Kukho ukuhambisana okumandla phakathi kweqondo lokungakwazi ukufunda nokubhala kwakunye nezinga lentswelo-msebenzi. Amazinga aphakamileyo okungakwazi ukufunda nokubhala abhaqeka kakhulu kwiindawo ezipemaphandleni. Amazinga okungakwazi ukufunda nokubhala aphakame kakhulu kwimimandla enjengoMbindi Karoo (37%), i-Cape Winelands (28%), i-Eden (26%), i-Overberg (27%) kunye noNxwema oluseNtshona (29%). UMBindi Karoo unezona zalathisi zeemeko ezingaginyisi mathe ngokuphathelele kwintswelo-msebenzi, ukungakwazi ukufunda nokubhala namaqondo okubhalisela ukufunda asezantsi. NgokoBalo-bantu lowama-2001 iqondo lwentswelo-msebenzi yayileloni liphezulu (ngama-36%); iqondo lokungakwazi ukubhala nokufunda lama-37 eepesenti labantu abangaphezulu kweminyaka eli-14 ubudala ilelona liphezulu, ze iqondo lokubhalisela ukufunda (lama-87%) ilelona lisezantsi.

Abantu abangaphezulu kwamama-70 eepesenti abaswele imisebenzi baphumelele ibanga 11. Nakubeni nje lo myinge ungaphantsana kowama-2005 kunento owawuyiyo kwiminyaka emihlanu engaphambili, inani labantu abadinga umsebenzi abanemfundo ephela phakathi kwebanga le-9 nele-11 liye lenyuka ngokumangalisayo ekuhambeni kxeshesha laya kuthi xhaxhe kwi-12,6% engumthamo obonakalayo xa kusetyenziswa iinkcukacha-manani. Iqondo elikhulayo elifana neli libonakala kwinani labantu abaphumelele imatriki nabaswele imisebenzi.

### 5. Isishwankathelo sesimo sombutho ngowama-2007/08

I-WCED, nengoyena mqashi mkhulu kuRhulumente wePhondo leNtshona-Koloni, ineSebe lezeMfundu lePhondo elikhokelwa liLungu lesiGqeba soLawulo elinoxanduva lokunqwanqwada iMfundu (i-MEC), i-ofisi kandlunkulu yephondo, ii-ofisi zezithili kunye namaziko emfundu, aquka izikolo zikarhulumente zikawonke-wonke kwakunye nezikolo zabafundi abanezidingo ezizodwa, iiKholeji ze-FET, amaZiko oluNtu emfundu yabaDala kwakunye namaziko ee-ECD.

Amaziko emfundu anezikolo zikarhulumente, izikolo ezinezidingo ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko oluntu emfundu yabadala namaziko okupuhhlisa abantwana abaselula.

Abafundi *	945,215
Izikolo zikarhulumente zikawonke-wonke **	1,460
Izikolo zabafundi abanezidingo ezizodwa **	72
Amaziko eMfundu eQhubekayo noQeqesho (iikholeji zobugcisa)**	6 ( amaziko angama-39)
Amaziko oluntu emfundu yabadala *	112 (amaziko angama-301)
Izikolo-mpeleso ezbionelelwayo **	446
li-ofisi zezithili **	8
Ootishala (Indlela yokwalatha izikhundla)	31 619
Abasebenzi bakarhulumente (abasebenzi abavuniweyo)	8 971

\*2008: I-CEMIS zalo nyaka (ukusukela ngomhla we-12 Februari 2008) (AmaBanga ukusukela ngaphambili kwezikolo-mpeleso kwiBanga R ukuya kuMgangatho ongaphaya kwe-Matriki)

\*\* AmaZiko eMfundu alo nyaka (Zonke izikolo zikarhulumente zikawonke-wonke, amaBanga ukusukela ngaphambili kweBanga R ukuya kuMgangatho ongaphaya kwe-Matriki, kugukwa neziKolo-mpeleso ezi-8)

# Umthombo – Uphando oluntlanye lowama-2008

Ubukhulu be-WCED bubeka uxanduva olukhulu lokuqinikisekisa ukuba abasebenzi bayo baxhotyiswa rhoqo ngeenkqubo zophuhliso ezingapheliyo kubomi babo bokusebenza. Oku kuhambelana ngqo nawo omabini amacandelo eenkonzo zoluntu, apho imfuneko yokuhanjiswa kweenkonzo ngokukhawuleza nangempumelelo (iBatho Pele) inyuka nyaka nonyaka, kunye necandelo lootishala, apho inkubela ekhawulezayo kwezfundo, ulawulo lolwazi nemfundo ngezobuchwepheshe (iteknoloji) zifuna ukuba ootishala bahlale bezixhobisa ngeendlela ezintsha zolwazi nokufundisa.

I-WCED iziqaqambise njengombutho osafundayo ozixakekise kakhulu nojolise ekugqwesen iunikezelo Iweenkonzo kule minyaka ilishumi izayo. Njengombutho osafundayo, i-WCED ihlala isenza ugxeko-ncomo lwayo ngokwayo, izihlaziya ngokuthi igxile kakhulu kwinkuthalo yombutho, iqinise inqwanaqwade izakhono zezithili, incedise ukusebenza kwezikolo ikhuthaze amaphulo okuxhasa ukusabela kwizinto ezahlukeneyo zemfundo esemgangathweni ezikolweni. Ukuphucuka konikezelo-nkonzo ngumceli-mnjeni wombutho obaluleke kakhulu, ngakumbi xa kujongwe ukuchongwa kweenkqubo zoshishino ezifuna ukubundukunya.

Ikhona inkubela eyenziweyo ekuPhuculwa kwesiCwangciso-qhinga sokuNikezelwa kweeNkonzo (i-SDIP) esicweleyo. UXwebhu loNikezelo IweeNkonzo Iwaqlunqwa, Iwamkelwa lwaze Iwaziswa ngokusesikweni ngo-Agasti kowama-2007. Isicwangciso sokufekisa oku saye saziswa ngokusesikweni ekuqalen konyaka-mali we-2007/08. Amazinga eenkonzo aqulunqwa kwicandelo lolawulo ngalinye kwaye nephulo elingqingqwa lokwazisa laqaliswa ukujinisekisa ukuba ayamkelwa kwaye ayaziwa ngokubanzi. lindlela zokongamela nokwalusa nezixokelewano zokuhlolza ziyaqlunqwa nazo, ukulungiselela ukusetyenziswa nokufekisa kwazo, oku kubandakanya nendlela yokuncoma nokukhalaza, iThetha Nathi eyasungulwa ngo-Aprili kowama-2007, elawulwa liCandelo lokuQinisekisa uBulunga. Ngale ndlela i-WCED iza kukwazi nokuqokelela iinkcukacha ngaloo macandelo angaqhubi ngokwanelisayo.

IsiCwangciso se-EE seminyaka emihlanu se-WCED ukusuka kowama-2002 ukuya kuma kowama-2007 saqukunjelwa ngomhla wama-31 Disemba kowama-2007. Isicwangciso esilandelayo saye samkelwa ngokusesikweni ngo-Novemba kowama-2007 saza saqalisa ukufekisa ngomhla woku-1 Januwari kowama-2008. Nakubenij nekkho imiqobo eminanzi, kukho uxomolozo oluthile Iwenkqubela-phambili oluthe Iwafumaneka kwisiCwangciso se-EE kwaye neQonga lomelo Iwe-EE lutzginile izibophelelo zalo zolongamelo nokwalusa. I-WCED iyithobel yonke imimiselo yoMthetho we-EE kwaye iye yafaka iNgxelo yayo ye-EE yonyaka kwiSebe lezeMisebenzi nanjengoko kuyimfuneko. Kananjalo i-WCED iye yanikezelia isikhokelo somgaqo-nkqubo se-EE kumaziko emfundu kwaye oku kuye kwakhokelela kwinkqubela phambili engathethekiyo ngakumbi kubukho nomelo Iwabasethyini kumaqumru olawulo Iwezikolo. Umjikelo wokuqala woqasho kuhlengahlengiso uye wezisa inguqu kubume bolingano Iwe-SMS kwaye imibandela yolingano iyakuqhubekeka nokubumba indlela ingqesho eyenzeka ngayo phantsi kohlengahlengiso.

I-WCED iye yalandela ukuYila kokwaKheka kwe-HR kwesebe lezemiSebenzi kaRhulumente noLawulo ukubumba isicwangciso solawulo Iwabasebenzi se-WCED esibumbeneyo. Esi sicwangciso siyahlengahlengiswa ze siphinde simiselwe kanye ngonyaka. Amaqhinga ahambisana nesi sicwangciso athi aphuhliswe ze amane ukukhankathelwa olusiwe kanye genyanga.

INkubo yokuJongana neeMeko zonke zoMsebenzi (i-EWP) iye yaphuhlisa kwaye nephulo lokwazisa elingqingqwa liye lanikezelwa. Izinga lokusetyenziswa kwale nkqubo ngoku likwedlule le-e oko bekulindelwe. Iinkcukacha-manani kwakunye nezinto eziggamileyo ziye zahlalutywa zaze zathelekiswa ngokwemimiselo yehlabathi. IiNdibano zeNtsuku eziVulelekileyo ezahlukileyo nezibenempumelelo ziye zabanjwa.

I-WCED iyaqhubeleka iquinisa iinkqubo nezihobo ezinjongo yazo ikukuphucula umgangatho wemfundo kwiphondo. NgeCandelo: ukuQinisekisa ubuLunga, i-WCED ilungelelanisa idibanise zonke iindlela nezixokelewano ezikhoyo zokucacisa, ze iqulunqe ezintsha kwindawo ebezingekho kuzo. Ngelokumelana nokugxinirisa kukarhulumente kakhulu kwiziphumo nempembelelo, iinkqubo zokuhlolola nokuvavanya ziqualisiwe kuwo onke amanqanaba esebe. Ukuhambelana phakathi kwezwangciso zomntu ngamnye neenjongo zesicwangciso-qhinga nako kuqwalaselwa ngamandla. Isikolo ngasinye siye sacelwa ukuba sibandakanye iithagethi kwisiCwangciso sokuPhuculo IwesiKolo (i-SIP) eso – ngokungakumbi, kodwa ngokungaphelelanga kwimpumelelo yabafundi. Ukususela ngoJanuwari kowama-2008 izikolo ziye zaxhaswa ngakumbi ekupuhhliseni kwazo ii-SIP zazo ezibonakalisa umfanekiso othembekileyo wemimandla yazo yophuhliso, kwanokuchonga iindlela zongenelelo ezifanelekileyo ukuphumeza ezo thagethi. II-SIP ziya kuba sisiseko sophuhliso seziCwangciso zoPhuculo IweSekethe (ii-CIP) ze ezi zicwangciso ke zisetyenziselwe ukuphuhlisa iziCwangciso zoPhuculo IwesiThili (ii-DIP). Ukususela kumhla woku-1 ku-Aprili ngowama-2008 la maxwebhu ocwangciso ayakusetyenziselwa ukwenza amagosa ukuba acacie ngakwenzileyo ngenkxaso ayifunayo ukuze axhase izikolo. Izenzo ezilandelayo zokukhangela inkqubela kwakunye nemisetyenzana eyongezelelekileyo yokuqinisekisa ubulunga kwizikolo ezophononongiweyo ziye zarika ubungqina bokuba zonke izikolo ziye zasebenzisa ngenzaliseko iingcebiso ebezikiwingxelo zazo. Uphonorongo lomsebenzi we-WSE ngumvi wangaphandle luye Iwaqinisekisa nangakumbi iimpembelelo zophuhliso Iwe-WSE.

Ukwaluswa kwenqubela yokusetyenziswa ngemfezeko kweeperekhi ze-HCDS ngowama-2007/2008 kujolise kwiziphumo ezizuziwego – nakubeni nje ngokwesiqhelo kuza kukhangaleka ngokungathi kujoliswe kokufakiwego. Ingxelo-nkqubo yonyaka we-2007/2008 iye yapapashwa yaze yadlulisewa kabantu abafanelekileyo. Imiba yeeperekhi ze-HCDS (i-QIDS-UP, iziKolo ze-NSLA nezikolo zeNjolisa/eziGxinisayo) iye yaphononongwa banzi.

Isigaba sokuqala sokuphonononga isiCwangciso-nkqubo seziKolo ezingaHlawulelwayo sibandakanya uvavanyo Iwasezikolweni Iwezihobo zokulinganisela kwakunye nenqubo yokuqokelelwa kweenkcukacha. Nakubeni nje yayingeyonto kwakungajoliswanga kuyo ngovavanyo Iwasezikolweni, iinkcukacha malunga nendlela izikolo ezifumana inzuso ngayo kwesi sicwangciso-nkqubo zaye zacaca gca. Uqobo lobuqu bophando olu luya kuqunkunjelwa ngo-Agasti kowama-2008.

Ithagethi yeCandelo: lokuQinisekisa koBulunga yokuvavanya kwezikolo yaba zizikolo ezingama-30. Ngenxa yeenzame ezimangalisayo zabahloli, izikolo ezingama-55 ziye zaphononongwa kunya-nkqubo omnye kuphela.

Isikolo ngasinye siye sangenisa isiCwangciso soPhuhliso IwesiKolo (i-SIP) ngoDisemba kowama-2007. Izikolo zamabanga aphakamileyo zingenise iithagethi zazo zeziphumo zeMathematika nezobuNzululwazi kwiBanga le-12 kwakunye nempumelelo emaggabini yonyaka we-2007. Kwakhona ngowama-2008 kuye kwafunwa ukuba benze kwanjalo ngokokuhambelana neziCwangciso zoPhuculo IoMsebenzi wesiKolo, nanjengoko kubekiwe phantsi kwesihlomelo soMthetho woHlomelo IweMithetho yeMfundu ongunombolo 31 ka-2007, nothe waqalisa ukusetyenziswa nokuba negalelo ngomhla wama-31 kuDisemba kowama-2007. Ugxinisayo ekucaciseni kuqhubeka nokomeleza isixokelewano esi.

Ugwayimbo Iwabasebenzi olube lude kakhulu nolukhokelele ekulahlekeni kweentsuku zokufundisa zabafundisi-ntsapho ezili-108 560 lube nempembelelo, kulo nyaka uphononongwayo kwimisebenzi eyenziwa ngexesha elifanelekileyo, kootitshala ngokwabo, kubafundi kwakunye nomdla wabajali. Oku kuge nempembelelo kwiinkqubo zenkxaso esele ziyondelelanisiwe zabafundi beBanga le-12, kwizinto ezifana, ngokomzekelo, nezikolo zenkqubo yeNkxaso yemPumelelo yabaFundi (i-LAS) kwakunye nemimandla ephantsi kweliso likaMongameli. Kuthe kusakwenzeka olu gwayimbo Iwabasebenzi, i-WCED yamisela iiNkqubo ezisebenzayo eziquka iinkqubo zokuya esikolwen ngemiGqibelo, emva kokuphuma kwesikolo nangexesha lentwasahlobo, imfundu ngosasazo koonomathotholo ngexesha lasebusuku ikhutshwa ngabacebisi bekarityhulamu kwakunye nokufakwa kwamaphepha eemviwo ezzadluay kumaphephandaba. Kunzima kakhulu ukubala impembelelo yezenzo zogwayimbo Iwabasebenzi okanye impembelelo yohlhengahlengiso Iwenqubo yenkxaso ethi ilandelwe. Ukuvalwa kwezikolo ezininzi nako kuge nempembelelo kuzo zonke iinkqubo zoqeqesho ezimiselwego, uphuhliso Iwezakhono kwakunye neenkqubo zolwaluso, nto leyo ithethe ukuba uninzi Iwezi nkqubo lunyakathiswe yokuqala yonyaka we-2008, okanye zishunqulelw kungenjalo ziyekwe umphelo.

linguqu kwimibandela ethile yezwangciso-nkqubo zohlolo zeszizwe ziye zeza nemiceli-mnjeni ezikolweni kwaye zibonakele ngokungathi zinalo igalelo ekusokoliseni ootitshala kwakunye nempembelelo yokuqimisela kwabo emsebenzini. Lo nyaka ungowokuqala webanga le-12 liphantsi kweNkczelo yeKharityhulamu yeSizwe (i-NCS) uzisa amaxhala amaninzi noloyiko kootitshala, kubafundi nakubazali. Candelo le-FET (yasezikolweni) liqhubeketa nokuthi chu ngcembe limisela iinkqubo zoqeqesho, nezhokelwa ngamaziko emfundu ephakamileyo kwakunye "nabaseki-santya" ukunceda ootitshala ekulawuleni inkqubo yokufunda. Bekukho amaphepha emviwo asetiweyo kaZwelonek eBanga le-11 ukunceda ukumisela nokufanisa imigangatho, ukuseka isantya kwakunye nokuqhelanisa abafundi ukuze balungele isimbo esitsa seemviwo. I-WCED iye yekhetra ukuba ibhalise zonke iimviwo zezfundo eztithe zanikezelwa. UmLawuli weCandelo IoHlolo omtsha kwakunye nokuyilwa kwamacandelo ahlukileyo e-GET ne-FET kujoliswe ekunikezelni ngenkxaso eyongezelelekileyo kwizikolo ezikule mimandila imandundu.

Isebe liyahenga-hlengiswa lonke, ngokwezigaba eziya kuhamba iminyaka emi-3, ukuqinisekisa ukuba liza kukwazi ukuphumeza i-HCDS. Linjongo zenkqubo yokuhenga-hlengisa: kukuxhobisa isebe ngezakhono; ukuphucula unikezelo

Iweenkonzo kwakunye nokukhawulezisa ukulungelelaniswa kolingano kwezengqesho. Ngokolu ludwe Iwezhikhundla lutsha lucetywayo, i-ofisi engundlunkuku yephondo iye yahlulahluwa ngokwamasebe amane (nabesakufudula emathathu) anjengala; eseliCwangciso-qhinga nelokuCeba (litsha), eloLawulo IweKarityulamu, eloPhuhliso IweSebe kwakunye neleeNkonzo zokuLungelelanisa noLawulo. Kwpiphulo lokusondeza inkxaso yolawulo nophuhliso ezikolweni, ii-ofisi ezi-7 zezithili ziza kuba si-8. Isazobe esiquka konke sokubekwa kwabantu bonke ngokwezikhundla (i-organogramu) esitsha seSebe sibonakaliswe kwiphepha lokugqibela lolu xwebhu. Inkubo yohlengahlengiso enkulu kangaka ngokuqinisekileyo iza neengxaki kabantu, zokwenyuka kwamaxhala nanjengoko abantu beza kuba namaxhala ngokuphathelele kumakamva namakhondo abo emisebenzi, nanjengoko izithuba zempangelo zimana ukuvela kwisixokelelwano esi xa sisonke.

## 6. Isishwankathelo esicetyiweyo nezinto ezintsha eziphambili zomgaqo-nkubo zonyaka-mali ka-2007/08.

### IsiHlomelo seMithetho yeMfundu

U-2008 ngunyaka oza nomceli-mngeni omtsha wokufezelekisa koMthetho wesiHlomelo seMithetho yeMfundu uNombolo 31 ka-2007 nothe waqukunjelwa ze wasetyenziswa ukususela ngomhla wama-31 kuDisemba ka-2007. Usungulo nolungelelaniso Iwesicwangciso sokuwusebenzisa ngemfezeko siya kujolisa kwimiba ephambili emithathu yoMthetho wesiHlomelo seMithetho yeMfundu, eyile: ukusetsha nokoxutha okungabhungisiyo, uxitongo olukhangela iziyobisi, imisebenzi noxanduva Iweenqununu, uchongo Iwezikolo ezinkqubo ingancumisiyo, imigqaliselo nemimiselo yonikezelo Iwezilbonelelo, amandla nomthamo wezikolo kwakunye nezixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa.

### Umthetho weeKholeji ze-FET

NgokoMthetho weeKholeji ze-FET ka-2006, "umqashi" ezikholejini iba zikholeji ngokwazo endaweni ye-WCED: kungokunje le nto iyafakelelwano esixokelewaneni (ngaphandle kwegqiza leenkokheli).

### IsiCwangciso-qhinga soPhuhliso IweZakhono zabaSebeni

Esi sicwanciso-qhinga sephondo siphubeka nokuba yintsika yayo yonke imiba yophuhliso. Amacandelo amane angundoqo achongiwe njengeziseko eza kwakhelwa kuzo i-HCDS; ukugxila ekuphuculeniiimeko zemfundo ezikolweni nakumaziko emfundu kuxhaswa liphulo lokuphucula ezemfundo ngokulwa izifo ezisekuhlaleni nolwaphulo-mthetho. Umongo wesi sicwangciso-qhinga ngulo ujolise ekuphuculenii umgangatho wemfundu nasekuqinisekiseni ukuba kudalwa amathuba okwandisa umthombo wezakhono nezinga lemfundu ephunyelelwano.

### INkcazeloyeKarityulamu yeSizwe (i-NCS)

Ukuvezwa nokwaziswa kwezfundo ezitsha, ukuguquka okupheleleyo kweesilabhasi zamandulo kwakunye neendlela ezintsha zokuhlol, zithi xa zizonke ezi zinto ziveze umceli-mngeni omkhulu kakhulu kwisebe lemfundu.

## 7 Imali efunyenwe liSebe

Imali efunyenwe lisebe ibandakanyiwe kwiTheyibhuli ST001

Isixa-mali sengeniso yeSebe xa sisonke esingama-R31,439 ezigidu sifumanekisa ngonyaka ka-2007/08. Eyona mithombo iphambili yengeniso yethu eqokelelwano -

- Yimali yezoLawulo (intlawulo eqokelelwano ye-inshorensi);
- Izimali ezihlawulelwano iinkonzo zokuvveliswa kweefoto nemifanekiso; kunye
- Nembuyiselo-mali yeminyaka edlullleyo neminye imicimbi yentlawulelo, njengokucinywa kwamatyala kubuyiswe ingeniso.

## 8. liNtlawulo zeSebe

Intlawulo ezenziwe lisebe zibandakanyiwe kwiTheyibhuli ST001

Eyona nkcitho iyiyo yonyaka we-2007/08 xa itheleksisa neemali zenkxaso ezabiweyo, ibikuma-98,9% yohlahlo-wabiwo-mali oluhlengahlengisiweyo noluphunyeziweyo. Ukuchithwa kwemali ngaphantsi kobe kulindelwe kwensiwe kakhulu kukesetyenziswa ngaphantsi kwemali eyinkunzi kuhlahlo-lwabiwo-mali ngenxa yokubambezeleka kwezinye iikontraki aphi ulwakhiwo lungenakuqaliswa, ngenxa yoxhomekeko kuhlol Iwempembelelo zolwakhiwo kokusingqongileyo ekusafuneka Iwensiwe, ukubambezeleka kokuhutshelwa kwemali kumaziko oluntu afundisa iBanga R ngenxa yokuba kusekho inkubo yokuqinisekisa amanani abafundi, ukubambezeleka kokuhlaqiywa kwezikolo ezitsha ezbini zogugcisa ngenxa yokulibazisa kwenqubo yothengo nohlawulelo lwempahla, ukubambezeleka kokuqunkunjelwa kwethenda ye-CCV eyinxalenye yeProjekthi yoKhuseleko esikolweni ngenxa yemiba yobugcisa ephathelelene nezixhobo nemilinganiselo eza kusetyenziswa kwakunye nokulibaziseka kweenqubo zokuthengwa nokuhlawulelwano kwezinto zeprojekthi ye-QIDS-UP.

Eyona ngxene yeinkulu yenkcitho iye yenzeka kwisixokelelwano sezikolo zamabanga aphantsi kwakunye namabanga aphakamileyo, kuqukwia nezikolo ze-LSEN. Kwisixokelelwano sezikolo abasebenzi babelwa ngokulunganayo ngokokukhutshwa kwemigqaliselo yezikhundla ngokwamananai abafundi axeliweyo, ngokwamanqanaba entlupheko yolutu kwakunye nezifundiswayo. Imigqaliselo nemimiselo yokwabiwa kwemali ihamba ngokwamaqondo entlupheko

kazwelonke apho uthi owona mmandla usokola kakhulu ufumane umndilili ophindaphindwe kathandathu ubuncinane kunaloo mmandla unentsokolo engephi.

Inkcitho engangqamananga nokuhlawulwa kwabasebenzi imele ama- 23.7% enkcitho xa iyonke yonyaka-mali ka-2007/08. Inkcitho engangqamananga nokuhlawulwa kwabasebenzi ibandakanya iimali zemigqaliselo nemimiselo yokuhlawulwa kwezikolo zikarhulumente zikawonkewonke zamabanga aphantsi nezamabanga aphakamileyo, iinkqubo zothutho lwabafundi, izibonelelo kwakunye nokukhutshelwa kweentlawulo kwizikolo ezizimeleyo kwakunye nezikolo zikarhulumente zabanezidingo ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko e-ABET kwakunye nezikolo zompeleso namaziko e-ECD.

Inkcitho eyiNkunzi iye yehla ukusuka kwi-3,4% yenkcitho eyenzekileyo ngowama-2005/06 yaya kutsho kwi-2% yenkcitho eyenzekileyo ngowama-2007/08. Oku kubandakanya kakhulu ukunikezelwa kweeprojekthi zezbonelelo kwakunye neekhompyutha nezixhobo zeprojekthi yeKhanya. Isizathu soku kucutheka kungenxa yokuxhaswa ngezimali kwenqubo yonikezelo ngezibonelelo zemali-nkunzi ngokukhawulezayo, nethe yaveliswa kwiminyaka-mali yowama-2005/06 nowama-2006/07 esuka kuVimba woBonelelo ngeMali yeMpahla (i-AFR), nethe akwaqhutyekewa ngayo ngonyaka we-2007/08.

- Izigidimi zakhutshwa ngokuhambelana neSahluko 10 seMimiselo yeSebe likaNondyebo.
- Imigaqo yeziniki-amaxabiso yee-asethi iye yacaciswa kwiNkqubo yeGosa loBalo-zimali.
- Ulungelelaniso lweentengo kwi-LOGIS nenkcithomali ku-BAS yenziwa nyanga nganye.
- Irejista yee-asethi inolwazi olufunekayo ngokwemigaqo yeMimiselo yeSebe likaNondyebo.

lindlela ezaqaliswayo ukuqinisekisa ukuba inkqubo esebebenzayo yokuchonga, ukukhusela, ukuphonononga nokugcina irekhodi yee-asethi ezhambayo ikho, zillolu hlobo lulandelayo:

- Zonke ii-asethi zafakwa uphawu lwebha, olubhalwe "RSA" zaza zarekhodwa kwizintlu zempahla.
- Zonke ii-asethi zachongwa kwirejisata yee-asethi ezhambayo kuzo zonke izintlu zee-asethi ezichongwe liSebe likaNondyebo kwaye zanikwa iinombolo ezizodwa (iibhakhowudi).
- Imanejala ezithwala uxanduva zamaziko eendleko zinoxanduva lokukhusela ii-asethi zazo.
- Zonke ii-asethi ezsusekayo zarekhodwa kuluhlu lweempahla ngokwezikoleendleko nendawo. Izintlu zeempahla zaqinisekisa nengezichanekileyo ziimanejala zamaziko eendleko zaza zagcinwa kwindawo ebonakalayo kwindawo nganye.

### IziKolo

Kwaggitywa ukuba kwensiwe ukhutshelo lweentlawulo ezikolweni ngokwemigaqo yeZikhokelo zeSebe likaNondyebo ezikhoyo ukwenzela ukuba izikolo zikwazi ukuthenga izixhobo zazo kubanikezeli beenkonzo abanezivumelwano. Zonke iintengo zezikolo zasuswa kwiRejista yee-Asethi kaLOGIS njengoko zinjalo, ngokwemigaqo yoMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho Nombolo 84 ka-1996), zithatyathwa njengezinto zoluhlu lweempahla zezikolo. Izikolo kufuneka, ke ngoko, zixezi zinto zoluhlu lweempahla kwiingxelo zazo zezemali. iRejisata yee-Asethi kaLOGIS ibonakalisa kuperhela izintlu zeempahla kwi-Ofisi enguNdulkulu ye-WCED nee-Ofisi zeziThili kwaneendawo zazo ezahlukaneyo zeenkonzo.

### Izicwangciso malunga nempahla ebalulekileyo(ii-asethi) enokususwa, efana nezithuthi

ISebe lezoThutho neMisebenzi lePhondo (iziThuthi zikaRhulumente) ilawula ubonelelo, ukurhoxiswa nokufakwa kwezinye endaweni yezdinala kunye(okanye ezonakalisiweyo kwiGaraji kaRhulumente (GG) izithuthi. Likwaqwalasela ukulayisenisa, ulondolozo nokuthiwa kwamafutha kwezithuthi, kananjalo nokulondolozwa kwerejista yee-asethi kwiNkqubo ye-Fleetman. Likwaqulunqa umgaqo-nkqubo wephondo mayela nosetyenziso lwezithuthi zee-GG

I-WCED iqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo wephondo uyathotyelwa. Likwalondoloza irejista yezithuthi ezsityenziswayo yi-WCED, lipphonononga usetyenziso lwezithuthi ngamaxwebhu ogcino-zinkcukacha (i-log) kwaye liqinisekisa ukuba ezi zithuthi zisendeleni kwaye zilondolozwe ngokufanelekileyo

Izithuthi ezikhoyo ngoku ziyafikelela kwiimfuno zangoku ze-WCED

### Amanyathelo athatyathiweyo ukuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi yeSebe ihambelana namaxesha

Ubalo lonyaka lweempahla ekhoyo nekufanele ukuba ibekhona luyaqhutywa ukuqinisekisa ukuba irejista yee-asethi ye-WCED ihlala ihambelana namaxesha. Uqinisekiso oluphathekayo lwee-asethi lwenziwa licandelo loLawulo lweeMpahla ebalulekileyo(ii-Asethi) lincediswa ngabasebenzi bethutyana.

### **13. Izcicwangciso zoquuzelelo, intsebenziswano nokusiwa komsebenzi kumacandelo abucala**

#### **13.1 Amakhonko amasebe ahlukaneyo**

I-WCED lisebe elikhokelayo elinoxanduva lokupuhlisa umiliselo nophononongo Iwe-HCDS yephondo. Nangona kunjalo, inqontsonqa yomsebenzi ifuna ukuba onke amasebe karhulumente kwinqanaba lephondo nelorhulumente wengingqi axhase kwaye afake igalelo kumiliselo Iwesicwangciso. Amasebe angundoqo aquka aMasebe ezeMpilo, uPhuhliso IwezenTlalo, uKhuseleko IoLuntu kananjalo nelezoThutho neMisebenzi yoLuntu/kaRhulumente. Ukongeza apho, amahlakani ezentlalo, ukutsho oko; imibutho yezoshishino, imibutho yabasebenzi nabasebenzi bakarhulumente, besebenzisa iBunga IoPhuhliso lePhondo, badlale indima engundoqo ekubumbeni nasekuqaliseni ii-HCDS

lintlanganiso neengxoxo ezibanjwa rhoqo kumaqonga afana ne-CEM, iiNtloko zeKomiti yezeMfundu (i-HEDCOM) kwaneekomitana zayo ezahlukaneyo, ziyabanjwa neSebe lezeMfundu likazwelone kwanamanye amasebe emfundu ephondo malunga nomgaqo-nkqubo wezemfundu.

lingxoxo kune namanye amasebe angamahlakani kwintsebenziswano yamacandelo ahlukaneyo zikwaqhube rhoqo, ngakumbi naMsebe ezeMpilo (i-HIV/AIDS nezhakhono zobomi, impilo nentlalontle ezikolweni, ukubonwa kwangethuba neenkonzo zezempiro zezikolo), uKhuseleko IoLuntu (iProwujekthi yeZikolo eziKhuselekileyo neProwujekthi yaMagosa eXhasa aBafundi ukucutha ukungahambi kakuhle isikolo nokona kwabantwana abasebancinane), iNkulumbuso (i-Ofisi yoBume baBantu aBakhabazekileyo – iSicwangciso esidibeneyo soKhubazeko sePhondo), uPhuhliso IwezoQoqosho nezoKhenketho (uMnyadala weKapa eliFuundayo namacandelo okhulo IwezoQoqosho) nezoThutho neMisebenzi yoLuntu (iiprowujekthi eziphamibili nolondolozo). lintlanganiso zekota ziyabanjwa nekomiti eququzelela i-SLP ukubonelela izakhiwo zezikolo kwiindawo ezazivinjwe amathuba ngaphamabili. lingxoxo namasebe angamahlakani ngophuhliso oludibeneyo olungwele nazo ziqhube rhoqo. Kusetyenziswana kune namasebe ephondo naworhulumente wommandla, iSicwangciso-nkqubo esihLangeneyo sokuSebenza sePhondo esenzelwe i-HIV ne- AIDS sika-2007-2011 siye saphuhliwa kwaye sele siphunyeziwe liBunga lePhondo likaGawulayo.

Icandelwana le-ABET le-WCED libandakanyeka kuthotho lwemisebenzi yobambiswano namanye amasebe ephondo. Ngolu bambiswano, abaqeshwa bamasebe ephondo banikwa ithuba lokufumana i-GETC. UMgaqo-nkqubo woNqamlezo woNikezel Iwe-ABET kuBaqeshwa baMasebe kaRhulumente sele ukhona. Ubambiswano luyasekwa kwinqanaba lephondo nelesizwe. Ezi zikhokelo ziQuka, phakathi kwezinye izinto, amabakala asekusetyenzisweni ngemfezeko ubambiswano, iindima noxanduva Iwabo babandakanyekayo, indleko neendlela zokuhuba iindleko. Amasebe ali-10 ephondo, kananjalo naMasebe kazwelonek eMicimbi yaManzi neleeNkonzo zoLuleko, enza inxalenye yolu bambiswano. Ukwenza ubambiswano lube sesikweni, iimmemorandamu zokuQondana (MOUs) zaphuhliwa.

#### **13.2 Amakhonko karhulumente wommandla**

I-WCED isebezisana neSixeko seKapa malunga neNkqubo yoVuselelo IweeDolophu (URP) noMasipala woMbendi Karoo malunga neNkqubo eDibeneyo yoPhuhliso oluZinzileyo IwaMaphandle (ISRDP). Injongo yezi nkqubo zombini kukusebenza kune nangokudibeneyo namanye amasebe noorhulumente ukuphelisa ubuhlwempu ngokusebenzisa uphuhliso Iwezakhono kabantu abangasebenziyo.

#### **13.3 Amaqumrhu karhulumente**

Okwangoku akukho maqumrhu karhulumente i-WCED enoxanduva lawo.

#### **13.4 Ubambiswano noluntu, nentsebenziswano namacandelo abucala, ukukhutshwa komsebenzi usiwa kumacandelo abucala azisebenzelayo, njl.njl**

Nangona i-WCED ingenalo ubambiswano olucacileyo namaqumrhu oluntu nawabucala (ii-PPP), isebe lazise iqela lamanyathelo ongenelelo neeprekthi ngemizamo yokuhoyana neemeko ezahlukaneyo zemfundo esemgangathweni ezikolweni. Ezi projekthi namanyathelo ongenelelo zilawulwa, mhlawumbi yi-WCED (ngokusebenzisa ii-Ofisi zeziThili) ngqo okanye ngokusebenzisa imibutho eliqela yezemfundo engeyiyo ekarhulumente (ii-NGO). Olu bambiswano ngokubanzi lunqamlezile (phakathi kwi-WCED) kwaye/okanye lunamacandelo amaninzi ngobume, lukhololo ukuhoyana nemiba yezengqondo nezentlalo nezoqoqosho ethi, ngaphandle kokuba ihoywe ngokusebenzayo nokufanelekileyo, idodobalise ubonelelo lwemfundo esemgangathweni ezikolweni, kwaye ziphinde zisekwe ukwandisa isambuku sezimali ezikhoyo ngeli lixa kuqinisekiswa utyalomali Iwezemali olutshitshileyo Iwe-WCED

INgxowamali yeHlabathi, ngokusebenzisa iSebe lezeMpilo, ixhasa ilinge elishukumayo lemfundo yamahlakani le-HIV/AIDS kwizikolo zemfundo ephakamileyo ezingama-94. Izikolo ezonegezelelekileyo ezingama-42 zikwamilisela le nkqubo ngenye inkxasomali. Kukwakho iqela lemisebenzi yobambiswano ekwinqanaba elisezantsi ngaphakathi kwinkqubo ye-HIV/AIDS ye-WCED

I-WCED isebebenzisana nabaphuhlisi aba-6 babucala kupuhliso lweenkqubo zokusetyenziswa kwiiProjekthi zeNkqubo yoLawulo lweZikolo (i-SAMS)

I-WCED kwangokunjalo ikwasebenzisane ne-PETROSA. Bakhe baggiba isikolo se-R12 lezigidi seSikolo saMabanga aPhantsi, iRietvlei eMossel Bay kwaye baxhobise ngokwaneleyo izikolo ezi-4 ezazisakuba phantsi kwe-DET eMossel Bay ngekhompyutha ekumanqwaniwa aphezulu nelebhu zenzululwazi.

I Memorandum yokuQondana yatyikitywa phakathi kwe-PETROSA neSebe lezeMfundu leNtshona Koloni, emisela indlela yokusebenza yokuchitha imali ekulizwe ngayo eli-R15 lesigidi kulwakhiwo lwasikolo samabanga aphantsi eVredenburg.

Kungoku nje, izicwangciso zesikolo esitsha sele ziphothulwe, kwaye neprojekthi le sele ibhengeziwe.

I-Garden Cities Pty Ltd uceba kwaye ilawula ulwakhiwo Iwamaholo ezikolo. Ulwakhiwo Iwamahlolo e-Matthew Goniwe SS (eKhayelitsha), e-Intshukumu Comprehensive School (eGuguletu), e-Knysna SS (e-Knysna), e-Rocklands SS (e-Mitchells Plain), e-Sarepta SS (e-Kuilsrivier), e-Scottsville SS (e-Kraafontein), e-Phoenix SS (e-Manenberg) kunye nase-Mountview SS (e-Hanover Park) luqukunjelwe nowe-2007/8. Okwangoku, iholo lase-Mzamomitsha PS lisakhiwa.

IQumrhgu (iTsheyimba) yezoRhwebo: ukhuhphiswano lweTechnopreneur (uShishino lweTeknoloji) kubafundi beBanga 10 U-SANTAM: Ukuxhasa ngezimali eyona misebenzi imihle ye-EMS

U-Sanlam: UPhuhliso lwenkqubo ebandakanya konke ye-HIV/AIDS esekelezewa kwikarityhulamu  
I-Cape Town Holocaust Centre: Ukujongana neMbali neZiqu zeThu (aMabanga 9 ukuya kwele 12)

### 13.5 INkxasomali namaliso aPhuma kuBaxhasi

I-WCED ayifumenga malizo nankxasomali evela kubaxhasi kundayakamali ka-2006/07

**Isishwankathelo: IziKali zomGangatho woamSebenzi kuZwelone**

Inkqubo / Inkqutyana / Izikali zomgangatho womsebenzi	Ithagethi eCetyiweyo eQikelelweyo 2007/08	Ithagethi eyiyo ezuzekileyo 2007/08	Umsantsa pha- kathi kokuqikele- weyo kwakanye nenqubela yomsebenzi eyiyo
<b>OKUKHUTSHWAYO NGEKOTA</b>			
<b>INkubo 1: ULawulo</b>			
Inani lezikolo elisebenzisa ngemfezeko iSixokelelwano sokuPhathwa nokuLawulwa kwesiKolo	1450	1 452	2
Inani leziKolo ekunokunxitylelwana nazo lisebe ngobuxhakaxhaka bekhompyutha	1440	1 427	-25
<b>INkubo 2: Izikolo zikaRhulumente zikaWonke-wonke</b>			
Inani leentsuku eliquunjelwa yinkqubo yesondlo	34,680 000	39 681 400	5 001 400
Inani lezikolo zikarhulumente zikawonke-wonke ezinamanzi okusela	1,450	1 452	2
Inanai lezikolo ezinenani elaneleyo lezindlu zangasese ezisebenzayo	164	750	586
Inani labafundi abazuzayo kuthutho lwabafundi	46,900	44 495	-2 405
<b>INkubo 3: IZibonelelo zeziKolo eziziMeleyo</b>			
Inani lezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngemali nezihanjelwayo ngenjongo zokuzalusa	44	61	17
<b>OKUKHUTSHWA NGONYAKA</b>			
<b>ICandelo yeMfundu yePhondo</b>			
Inani labatwana abakubudala obunyanzeliswayo ukuba kuhanjwe isikolo	620 714	605 622	-15 092
Inani labantu abatsha abangaphezulu kubudala babantwana abanyanzeliswayo ukuba bahambe isikolo kwakanye namanye amaziko emfundu	215 916	199 278	-16 638
Inkcitho karhulumente kwabona bafundi bahluphekileyo njengepesenti yenkcitho karhulumente kubafundi abangahlupheki kuyaphi	102.9%	106.8%	3.9%
IGalelo lemiNyaka ngokweziDanga ze-FETC	-	-	-
Umdnili weqondo lokupasa lesikolo elifunyenwe ngabantu abadala kubantu bebonke	IBanga 10	IBanga 9.4	0.6 yebanga
Umyinge weqondo lemfundo kubantu abadala	95.3%	95.6%	0.3%
<b>INkubo 1: Ulawulo</b>			
Inani labasetyhini abamnyama abakwizikhundla eziphezulu zolawulo	8	15	7
Ipesenti yenkcitho yangoku eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi	21.1%	22.2%	1.1%
<b>INkubo 2: IMfundu yesiKolo sikaRhulumente sikaWonke-wonke</b>			
Inani labafundi abakwizikolo zabanezidingo ezizodwa zikarhulumente zikawonke-wonke	Ithagethi ayikabekwa okwangoku	13 646	-
Inani lezikolo zikarhulumente zikawonke-wonke ezinombane	1 450	1 452	2
Inckitho kugcino nolungiso lwezinto njenepesenti yexabiso leziseko zophuhliso zesikolo	0.2%	0.2%	0%
Inani lezikolo ezinabafundi abangaphezulu kwama-40 eklasini	0	0	0
Inani lezikolo ezingezizo ezeCandelo21 ezinazo zonke ii-LTSMs nezinye izixhobo ezifunekayo eziziswa ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo	450	456	6
Inani lezikolo ezinewonga leCandelo-21	1 000	996	-4
Inani leentsuku zokusebenza elilahlekileyo ngenxa yokungabikho koottitshala kwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke	336 647	295 462	41 185
Inani leentsuku zokufunda ezilahlekileyo ngenxa yokungabikho kwabafundi kwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke	-	-	-

**Isishwankathelo: IziKali zomGangatho woamSebenzi kuZwelone**

<b>INkubo / INkqutyana / Izikali zomGangatho womsebenzi</b>	Ithagethi eCetyiweyo eQikelelweyo 2007/08	Ithagethi eyiyo ezuzekileyo 2007/08	Umsantsa phakathi kokuqikelelweyo kwakunye nenqubela yomsebenzi eyiyo
<b>OKUKHUTSHWAYO NGONYAKA</b>			
<b>2.1 IziKolo zamaBanga aPhantsi zikaRhulumente</b>			
Umyinge wabaphindayo kumaBanga 1 ukuya kwele- 7	Ithagethi ayikabekwa okwangoku	8.5%	-
Inani labafundi beBanga 3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiNyumerasi neLitherasi	Uvavanyo lwenzeka kuphela kanye kwiminyaka emibini		
Inani labafundi beBanga 6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwiMathematika, ILitherasi neNzululwazi ngezoBugqi	Ilitherasi: 39 533 Inyumerasi: 25 692	Ilitherasi: 32 191 Inyumerasi: 10 060	Ilitherasi: 7 342 Inyumerasi: 15 632
<b>2.2 Izikolo zamaBanga aPhakamileyo zikaRhulumente</b>			
Inani labafundi abangamantombazana abathatha iMathematika nezobuNzululwazi kwiBanga 10 ukuya kwele-12	Ithagethi ayikabekwa okwangoku	22 441	-
Umyinge wabaphindayo kumaBanga 8 ukuya kwele- 12	Ithagethi ayikabekwa okwangoku	20.9%	-
Umyinge wokuphumelela kwiimviwo zebanga 12	39.5%	39.1%	-0.4%
Umyinge wokuphumelela kwiBanga 12 kwiMathematika nezeNzululwazi	11.1%	9.5%	-1.6%
Inani labafundi beBanga 9 abafumana iziphumo zemfundo ezamkelekileyo kuyo yonke imimandla yokufunda	60 589	54 693	-5 896
<b>Inkubo 4: Izikolo zemfundo zikarhulumente zemfundo yabanezidingo ezizodwa</b>			
Inani labantwana abanezidingo ezizodwa abakwixabiso lobudala loba banyanzelwe ukuya esikolweni babe bengabhalisanga nakwelinye iziko lemfundo	1 045	1 044	-1
<b>Inkubo 5: Imfundu eqhubekayo noqequesho</b>			
Inani labafundi beekholeji ze-FET ngokuxulumene nolutsha olukwiphondo	1:4	1:50	1:46
Inani labafundi abangamabhinqa abafunda kwimimandla yobugcisa nobuchule	8 653	2 321	-6 332
Umyinge wempumelelo kubafundi abablasisleyo kwiikholeji ze-FET	81.7%	70%	-11.7%
Inani labafundi ababekwe kwifundo zoqequeshelo mava okuxelenga ngokusebenzisa iikholeji ze-FET	Ithagethi ayikabekwa okwangoku	4 500	-
<b>Inkubo 6: Imfundu esisisseko yabadala noqequesho</b>			
Inani labafundi baka-ABET ngokuxulumene nabantu abadala abakwiphondo	1:70	1:2186	1:2116
<b>Inkubo 7: Uphuhliso lwabantwana abaselula</b>			
Inani labafundi abakwiBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente	72 102	58 702	-13 400

► **KGS001: Ipesenti yabantwana ababudala buyiminyaka enyanelisa ukuba bahambe isikolo abahamba isikolo**

Le yipesenti yabantwana ababudala buyiminyaka enyanelisa ukuba bahambe isikolo kwiphondo abahamba kuso nasiphi na isikolo okanye iziko lemfundo. Esi sikali somgangatho womsebenzi sibonisa indlela efanelekileyo asebenza ngayo amalungelo abantwana nendlela azalisekiswa ngayo , njengoko kuxeliwe kuMgaqo-siseko, kwanenqanaba imimiselo yoMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika obhekiselele ekuhanjweni kwesikolo othotyelwa ngayo

Umthombo:

Kwiminyaka ekungabalwa ngayo abantu uvimba wolwazi weZiko leeNkcukacha-manani IoMzantsi Afrika IoBalo Jikelele IwamaKhaya (i-GHS) osetyenziswa kulo nyaka kuthethwa ngawo usetyenziswa kwinani-phezulu (idinomineyitha) nakwinanizantsi (inyumareyitha).

► **KGS002: Ipesenti yolutsha olubudala bungaphezulu kweminyaka enyanelisa ukuhamba isikolo oluhamba isikolo nakwamanye amaziko emfundo**

Oku kuyafana ne-KGS001, ngaphandle kokuba esi sikali somgangatho womsebenzi sibhekiselele kubantwana abadala. Le yipesenti yenani labantwana kwiphondo ababudala buli-15 ukuya kwi-17 abahamba isikolo okanye amanye amaziko emfundo. Ibonisa indlela urhulumente nesizwe eliphumelele ngayo ekuboneleleni ngokusa abantwana esikolweni nolunye uhlolo lwemfundu engaphaya kwenqanaba lemfundo esisiseko. Nakubeni nje uMgaqo-siseko ungayenzi imfundu ilungelo elisisiseko kweli qela likweli xabiso lobudala, uymnyanzela urhulumente ukuba enze imfundu eqhubekayeo ukuba ifumanekwe kwaye ifikeleleke ngokubonakalayo nangokuqhubekekayo kulutsha lwethu.

Umthombo:

Kwiminyaka ekungabalwa ngayo abantu uvimba wolwazi weZiko leeNkcukacha-manani IoMzantsi Afrika IoBalo Jikelele IwamaKhaya (i-GHS) osetyenziswa kulo nyaka kuthethwa ngawo usetyenziswa kwinani-phezulu (idinomineyitha) nakwinanizantsi (inyumareyitha).

► **Inkcitho karhulumente kwabona bafundi bahluphekayo njengepesenti yenkcitho karhulumente kwabona bafundi bangahlupheki kangako**

Le yinkcitho karhulumente kwabona bantwana bahluphekayo abasisinye esihlanwini kwanabafundi njengepesenti yenkcitho karhulumente kjesona sinye esihlanwini esingahlupheki kangako. Kwiminyaka yokugqibela vocalu-calulo, le pesenti yayimi malunga nama-20%. Yinjongo karhulumente ukunyusa le pesenti ukuba ibe ngaphaya kwe-100% kuwo onke amaphondo. Zininzi iimeko ezityhala le pesenti ukuba ihle isenyuka: imigaqo-nkqubo karhulumente yobonelelo enesheyi ngokuphaitelele kwabahluphekayo kwakunye nemigaqo-nkqubo yobonelelo Iwezikolo; iinkqubo zikarhulumente zokwakha izikolo (zenyusa le pesenti); inani labantwana abahluphekayo abangekho sikelweni (ze ke ngoko bangafumanu nkxaso-mali yakufunda); iingxaki zokulobelwa ootishala kwiindawo zamaphandle (ezi meko ziyayithoba le pesenti).

Umthombo:

Amanani obhaliso Iwabafundi abakwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke abakwizikolo ezikumlinganiselo 1 weqondo lentlupheko okanye ezikumlinganiselo 5 weqondo lentlupheko afumaneka kumanani obhaliso Iwe-EMIS njengoko ebaliwe ukusuka kuPhando IoNyaka IweSikolo (ASS).

► **Igalelo leminyaka ngokwezdanga ze-FETC**

Eli linani leminyaka yokufunda urhulumente atyalu imali ngalo ukuze kuvele umfundu ngamnye ophumelele iBanga 12 okanye onesidanga esifanayo. Ngenxa yokuba abafundi bewaphinda amabanga athile, kwanangenxa yokuba abafundi beyeka phakathi kwinkqubo yokufunda phambi kokufikelela kwiBanga 12, inani lale minyaka lisoloko lingaphezulu kune- 12. Nangona kunjalo, ngokugcina inani leminyaka liphantsi kangangoko, urhulumente angabonelela ngemfundu eyongezelelekyo ngokokuphucuka komgangatho kubantu abliqela.

Umthombo:

Amaphondo akanankho ukuyilinganisela nokuyibala le KGS okwangoku kuba kungekho zinkcukacha-Iwazi namithombo yavimba walwazi ichanekileyo ifumanekayo.

► **KGS005: I-avareji yelona banga liphezulu esikolweni ekufikelelw kulo ngabadala kwinani labantu bebonke**

Elona xabiso lenani eliphezulu elinokufikelelw sesi sikali somgangatho womsebenzi ngu-12. Oku ke kuya kwenzeka ukuba bonke abantu abadala ngokwenani labo baliqumbele iBanga 12. Ngokuye uluntu lwethu luya lufunda ngamandla, ixabiso lenani lesi sikali somgangatho womsebenzi kuya kufaneleka ukuba lenyuke. Kufanele ukuba silindele unyuko olungakhawuleziyo, nanjengoko kuthabatha iminyaka eminanzi ukufunda esikolweni naku-ABET ukuze kutshintshe onke amanqanaba emfundu kulo lonke uluntu Iwabada.

Umthombo:

Kwiminyaka ekungabalwa bantu, iinkcukacha-Iwazi zenani eliyinyumareyitha neliyidinomineyitha zisekezelwe kwisampulu yovimba wolwazi weenkukacha-manani ezipuma kuphando Iwamakhaya olwensiwe liZiko leeNkcukacha-manani IoMzantsi Afrika.

► **KGS006: Umyinge wokufunda nokubhala wabadala**

Le yipesenti yabadala abakwaziyo ukufunda nokubhala, ubuncinane kwinqanaba lesiseko. UMgaqo-siseko wethu usiqinisekisa ilungelo lemfundu esisiseko kubo bebobe abantu abadala abakuvinjwayo oku ngaphambili. Ngezizathu zamalungelo oluntu, kodwa kwanangezizathu zophuhliso lwezoqoqosho, esi sisikali somgangatho womsebenzi esibalulekileyo kurhulumente wethu. Injongo yethu esijolise kuyo kufanele ibe li-100% lomyinge wokukwazi ukufunda nokubhala kwabada.

Umthombo:

Kwiminyaka ekungabalwa bantu kuyo, iinkcukacha-lwazi zisekelelwe kwisampulu ephuma kuphando lwamakhaya lweZiko leeNkukacha-mamani loMzantsi Afrika okanye intelekelelo yenani labantu bebonke njengoko inikiwe yi-DoE.

► **KGS101: Ipesenti yezikolo ezizalisekisa ngemfezeko iNkqubo yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo**

iNkqubo yoLawulo nokuPhathwa kweZikolo (i-SAMS) yinkqubo eyiliwe ngokukazwelone kwaye yinkqubo efakte kwikhompyutha evumela izikolo ukuba ziyondelelanise kwaye zisebenzise iinkcukacha zabafundi, ezabasebenzi kwiziko elo, ezezixhobo ezisetyenziswayo nezezimali ngendlela ebonakalayo. Ngokuya lisanda inani lezikolo ezine-SAMS, kungokuya kuba ngcono kokuphucuka kweenkonzo esizilindle ezikolweni.

Umthombo:

Ayizizo zonke izikolo ezinoqobo lwe-SAMS, kodwa zonke izikolo zine-CEMIS ekhoyo esebezayeo. I-WCED ifumene amagunya kwi-DoE okupuhhlisa ikhonko phakathi kwe-CEMIS ne-SAMS. Ngoncedo lukaCel, inkonzo yomhlalutyi wangaphandle yafunwa ukuze iqalise ngokusebenzisa ngemfezeko yokumilisela ikhonko phakathi kwe-CEMIS ne-SAMS. Inqanaba lohlalutyi lwsixokelelwano lagqukunjelwa kwikota yokuqala ka-2007, lo gama uphuhliso lokuhlanganisa kufanele ukuba lube sele luqhubecka ekupheleni konyaka wokufunda ka-2007. Olu phuhliso luza kuvumela ukuhlanganisa kwe-SAMS ne-CEMIS.

► **KGS102: Ipesenti yezikolo ezinokuqhagamshelwa nge-imeyile nobuxhakaxhaka bekhompyutha lisebe**

I-imeyile inceda izikolo ekuqhagamsheleni neSebe ngokukhawuleza xa kukho ingxaki ekufunena ihoyiwe liSebe. Olu hloba lonxibelelwano lukwavumela iSebe ukuba linxibelelane kakuhle kakhulu nangendleko encinane ukudlulisa imiyalezo yokutshintshwa amasolotya athile omgaqo-nkqubo, iiprojekthi eziqhubekekayo nezigidimi jikelele. Yinjongo karhulumente ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zinonxibelelwano lwe-imeyile

Umthombo:

I-ASS inikezela ngolwazi ngenani lezikolo ezisebenzisa i-imeyile ngeenjongo zolawulo.

► **KGS103: Ipesenti yamakhosikazi amanyama kwizikhundla eziphezelu zolawulo**

Le yipesenti yamakhosikazi amanyama akwizikhundla eziphezelu zolawulo. Nangona ulungelelaniso lolingwano kwezengqesho luqukumbela imiba eliqela, umbandela amakhoisikazi amanyama akwizikhundla eziphezelu zolawulo ubaluleke kakuhle ekubalulweni kwenkqubela yolungelelaniso lolingano kwezengqesho kuMasebe ezeMfundu ePhondo.

Umthombo:

I-PERSAL

► **KGS104: Ipesenti yenkcitho yangoku eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi**

Le yipesenti yenkcitho-mali kwezemfundu, ingasiyyo inkcitho-mali kwixhobo zokusebenza neziseko zophuhliso eziphathekayo (eziNgezozabasebenzi ezingezozaNkunzi-mali), eya kwizinto ezingezizo ezabasebenzi ezifana neencwadi zokufunda, iincwadi zokubhala nothutho lwabafundi.

Umthombo:

lingxelo zohlahlo-lwabiwo mali zephondo neengxelo zonyaka

► **KGS201: Ipesenti yeentsuku zabafundi eziqukunjelwe yinkqubo yokutyswa kwabantwana esikolweni**

Eli linani lezidlo zasemini ekubonelelwa ngazo abantwana ezikolweni, ngenqubo yesondlo karhulumente, elahlulahlulwe ngeentsuku zomfundu enyakeni (usuku lomfundu kukuza komfundu esikolweni ngosuku olunye). Le pesenti iyenyuka xa inkqubo yesondlo ibonelela abafundi abaliqela, okanye xa umfundu ngamnye efumana izidlo zesemini ezonegezelelekyo ngonyaka omnye. Elona nani liphezelu ekunokufikelelwa kulo li-100%. Besiya kulindela ukuba le pesenti ibe phezelu kulo maphondo anawona manqanaba ohlupheko aphezelu kakuhlu.

Umthombo:

I-ASS inombuzo ngenani labafundi abafumana inkxaso phantsi kwe-NSNP. Okwangoku ayiqokeleli nkukacha ngenani leentsuku le nkxaso ekubonelelwa ngayo kwisikolo ngasinye kodwa eminye imithombo yeenkukacha-lwazi yephondo isetyenziselwa oku. linkcukacha-manani zesondlo esesikolweni ziyachazwa kwiitheyibhuli zeenkukacha-manani kwaye abonisa inani labafundi abaxhamla kule nkqubo kwakunye ne-avareji yenani leentsuku zesikolo eziqukunjelwa yile nkxaso yobonelelo yesondlo.

► **KGS202: Ipesenti yabafundi abakwizikolo zabanezidingo ezizodwa zikarhulumente zikawonke-wonke**

Le yipesenti yabafundi abakwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke abanezidingo ezizodwa. Ngokwembali, abafundi abanjalo babeneengxaki ekufikeleleni kwizikolo zikawonke-wonke zikarhulumente, nangona kunjalo, ngokwembono yomgaqo-nkqubo karhulumente wemfundo equka wonke ubani, amanyathelo makathatyathwe ukudala ufikelelo ukuba ibe yinto eyenzeka ngokwenyani kubafundi abakhubazekileyo.

Umthombo:

Le KGS kungokunje ayinakho ukubalwa nokulinganisela kuba imithombo yeenkukacha-lwazi echanekileyo ayifumaneki. Kucingeleka ukuba kwixa elizayo olu lwazi luza kufumaneka ngokusebenzia ingxelo yamangenelo e-CEMIS afakte zizikolo.

► **KGS203: Ipesenti yezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezifumana amanzi okusela**

Le yipesenti yezikolo zikarhulumente zikawonke-wonke ezinendela ethile yokufumana amanzi okusela acocekileyo. Ngezizathu zezempiro kwanezinye izizathu, kubalulekile ukuba zonke izikolo zibe nokufikelela kumanzi acocekileyo okusela ngaphakathi kumasangao azo.

Umthombo:

linkukacha-lwazi ze-ASS ziyasebenziseka kulo nyaka lo kuthethwa ngawo.

► **KGS204: pesenti yezikolo zikawonke-wonke zikarhulumente ezinombane**

Le yipesenti yezikolo zikawonke-wonke zikarhulumente ezibonelelw ngombane. Umbane ngumbandela ohamba phambili xa kuqaliswa ubuchwepeshe bale mihra nobunokomeleza ulawulo, ukufundisa nokufunda ezikolweni.

Umthombo:

linkukacha-lwazi ze-ASS ziyasebenziseka kulo nyaka lo kuthethwa ngawo.

► **KGS205: Ipesenti yezikolo ezinenani lezindlu zangasese ezoneleyo ezisebenzayo kakuhle**

Eli linani lezikolo ezinobuncinane bezindlu zangasese ezimbini ezisebenzayo ezimele igumbi lokufundela ngalinye. Ngezizathu zezempiro nezokuhanjwa kwesikolo, kubalulekile kwinkqubo yesikolo ukuba sizame ukuhlangabezana nale ntsulungeko incinane kuzo zonke izikolo.

Umthombo:

Iitali yenani lezindlu zangasese neendawo zokuchama kananjalo netotali yenani lezindlu zangasese neendawo zokuchama ezingasebenziyo zifumaneka kwicandelo lococeko le-ASS. Iitali yenani lamagumbi okufundela asetyenziselwa ukufundisa okanye itotali yenani labafundi ngokwesikolo ngasinye ikwafunyanwa kwi-ASS.

► **KGS206: Inkcithomali kulondolozo nokugcina izixhobo zikumgangatho osebenzayo njengexabiso leziseko zophuhliso ezizixhobo zokusebenza zesikolo**

Kubalulekile ukuba izakhiwo ezikhoyo nezixhobo kwinkqubo yesikolo zilondolozwe kakuhle, ukuze zisebenze ngokupheleleyo, kwaye ukufakwa kwezinye izixhobo ezitsha endaweni yazo kungakuncinane. Umgaqo-nkqubo umisela ukuba inkcitho-mali yonyaka kulondolozo lweziseko zophuhliso kufuneka ixabise ubuncinane i-1.5% yetotali yexabiso lezo zixhobo.

Umthombo:

Amanani ezixa-mali yenkcitho yolondolozo nokulungiswa kwezinto amilisela ngamasebe ezemali ee-PED ngokwesicwangciso sokuhlela se-SCOA kwaye ixabiso le-asethi ephambili eyinkunzi licatshulwa kwirejista (irejista) yee-asethi efanelekileyo egcinwe yi-PED okanye iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente yePhondo.

► **KGS207: Ipesenti yezikolo ezinabafundi abagaphezu kwama-40 kwigumbi lokufundela ngalinye**

Le yipesenti yezikolo ezinomyinge wohambelwano lomfundu/itishala ongaphezu kwama-40. Amagumbi okufundela amakhulu kakhulu ngokucacileyo akalunganga ekufundiseni nasekufundeni, kwaye injongo kukuthoba le pesenti ide iye kufikelela ku-0%.

Umthombo:

Amanani abafundi namanani ootitshala omabini acatshulwe kwi-ASS.

► **KGS208: Ipesenti yezikolo ezingezizo eziphantsi komthetho weCandelo 21 ezinazo zonke ii-LTSM nezinye izixhobo ezifunekayo ezisiswa ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo**

Le yipesenti yezikolo ezixhomekeke kwiSebe ukuba lithenge iincwadi zokufunda nezinye ii-LTSM, ezifumana zonke iimpahla ezizilindleyo ngosuku lokuqala lonyaka wesikolo, ubuncinane xa kuthe kwakho ukusilela.

Umthombo:

ULawulo loBonelelo ngeeNkonzo lugcina iinkukacha malunga nokuhanjisa kweencwadi zokufunda.

► **KGS209: Ipesenti yezikolo ezikwimeko newonga lokulawulwa ngumthetho weCandelo 21**

Le yipesenti yezikolo ezinikwe uxanduva oluthile lolawulo, kuqkwa uxanduva lolawulo lwezemali, ngokwemigaqo yecandelo 21 loMthetho weZikolo zoMzantsi Afrika. (Oku akunanto yakwenza neen kampani zeCandelo 21.) Kubalulekile ukuba izikolo ezinini zensiwe zilungelane nale meko yokuzilawula ukuze izikolo zikhawulelance kakuhle noxinzelelo lommandla.

Umthombo:

iCandelo loLawulo loHlahlo lwabiwo-mali lilo eligcine ezi nkukacha.

► **KGS210: Ipesenti yeentsuku zokusebenza ezilahlekileyo ngenxa yokungahanjwa kwesikolo ngoottishala kwizikolo zikawonke-wonke zikarhulumente**

Esi sikali somgangatho womsebenzi sithabathela ingqwalasela nakuphi na ukungabiko kootitshala ezikolweni, ngaso nasiphi isizathu, aphi bekungekho titshala ibambeleyo. Ukuze izikolo ziqhube ngokufanelekileyo kwaye zisebenze kakuhle, kubalulekile ukuba abafundi bangahlali ngaphandle kweetitshala. Injongo emakujoliswe kuyo kukuba kufanele ibe kukugcina esi silkai somgangatho womsebenzi sibe phantsi kangangoko

Umthombo:

IPERSAL, nakubeni nje, ikho imithombo yeenkukacha zokungezi kooottishala ezikolweni ayichanekanga kuba iPERSAL ayinikezi ngeenkukacha zokuba bangaphi na ootitshala abebengekho esikolweni abebengenabo ootitshala abababambeleyo emisebenzini yabo.

► **KGS211: Ipesenti yeentsuku zabafundi ezilahleke ngenxa yokungabikho kwabafundi esikolweni kwizikolo zikarhulumente zikawonke-wonke.**

Esi sikali somgangatho womsebenzi siyafana ne-KGS210, kodwa sona siqwalasela abafundi endaweni yootitshala. Nakuphina ukungezi komfundi esikolweni kuya kuthatyathelwa ingqalelo sesi sikali somgangatho womsebenzi.

Umthombo:

ISebe alikhange libe nazo izixokelewano ezikhoyo zokusebenza ezinika iinkukacha ngeentsuku zabafundi ezilahelkileyo ngenxa yokungezi esikolweni. Kukhona ngoku kukho isixokelewano esikhoyo esilingiselelwu ukufumana le nkukacha ngamangenelo afakwa ngekota aya kusuka ezikolweni kwixa elizayo.

► **KGS212: Umyinge wosebenzi wezona zikolo zinamathuba amancinane xa kutheleiswa nezona zikolo zinamathuba amaninzi ngokubhekiselele kwiBanga 3**

Le yi-avareji yezikoro zokufunda nezematematika zabafundi beBanga 3 kwezona zikolo zihluphekayo ngokunxulumene neavareji yabona bafundi bahlupheka kancinane, ivakaliswe njengetepesi. Akubalulekanga nje ukuba kuhoywane kuphela nokwenziwa yinkubo yocalu-calulo kwenkcitho engalinganiyo kubafundi. Kukwabalulekile ukuba kuqinisekiswe ukuba konke ukungalingani kwiziphumo zabafundi kuyacuthwa, ukuze abafundi bafumane isiqalo esilingana twatse ebomini.

Umthombo:

Iziphumo zovavanyo lwePhondo lweBanga 3. Uvavanyo lwenziwa kuphela ngowama-2006 kwaye lwenziwa kuphela emva kweminyaka emibini, ukutsho oko, uvavanyo olulandelayo lweBanga 3 luya kuqhutywa ngo-2008.

► **KGS213: Umyinge wabaphindayo kuMabanga 1 ukuya kwele-7**

Eli linani abafundi abaphinda ibanga abakulo ngoku kuMabanga 1 ukuya kwele-7, lahlulahlulwe ngabo bonke abafundi ababhalise kuMabanga 1 ukuya ku 7. Umyinge ophezulu wokuphinda uzindleko, kwaye uqhwalelisa ukufundisa nokufunda. Kubalulekile ukuba esi sikali somgangatho womsebenzi sibe phantsi kangangoko.

Umthombo:

I-WCED, ngokwembali, iqokelele iinkukacha ngabafundi abaphindayo, ngendlela equkanisayo, kwizikolo emva kweenyangwa ezintathu uqalile unyaka olandelayo wokufunda. Ngako ke, uphicotho olwensiwe kwizikolo ezichongiweyo lubonise ukuba ezi nkukacha azinako ukuhlala zichanekile. Inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi yaqaliswa ngowama-2006 waza unyaka wesikolo ka-2006 wabonwa njengonyaka welinge noqhelaniso ukuze kuhoywane neengxaki ezinxulumene nokuqaliswa kwenqubo. Inkqubo yobhengezo yekhompyutha yaggitywa ngempumelelo ngo-2006 yaza nenqubo yekhompyutha yeSnap yaqukunjelwa ngowama-2007. Kwingxelo elandelayo iSebe liza kukwazi ukunika ingxelo ngabo bafundi baphindayo kwiphondo kananjalo nabo bafundi baphuma phakathi kunyaka wokufunda ka-2007.

► **KGS214: Ipesenti yabafundi kwiBanga 3 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kulwazi lokubala namanani kwakunye nolwazi lokufunda nokubhala**

Esi sikali somgangatho womsebenzi sisikelwe kwiinkukacha-lwazi ezifana nezo kusekwe kuzo i-KGS212. Sibonakalisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 3 abathi, nge-avareji, bafumane iziphumo ezamkelekileyo kulwazi lokubala namanani kwakunye nolwazi kufunda nokubhala.

Umthombo:

Iziphumo zovavanyo IweBanga 3. Uvavanyo Iwensiwa kuphela ngowama-2006 kwaye Iwensiwa kuphela emva kweminyaka emibini, ukutsho oko, uvavanyo olulandelayo IweBanga 3 luya kuqhutywa ngo-2008.

- **KGS215: Ipesenti yabafundi kwiBanga 6 abafumana iziphumo ezamkelekileyo kwimathematika, ulwazi lokufunda nokubhala nenzululwazi yezobugqi**

Esi sikali somgangatho womsebenzi salatha ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 6 abathe, nge-avareji, bafumana iziphumo ezamkelekileyo kulwazi lokubala namanani, ulwazi lokufunda nokubhala kune nenzululwazi yezobugqi.

Umthombo:

Iziphumo zovavanyo IweBondo zeBanga 6. Uvavanyo Iwensiwa okokugqibela ngo-2007 kwaye Iwensiwa kuphela qho kunyaka wesibini, ukutsho oko, uvavanyo olulandelayo IweBanga 6 luza kuqhutywa ngo- 2009.

- **KGS216: Ipesenti yabafundi abangamantombazana abathabatha imathematika nezenzululwazi kuMabanga 10 ukuya ku-12**

Le yipesenti yabafundi abangamantombazana ababhalisele izifundo zemathematika nenzululwazi kuMabanga 10, 11 nele-12. Ngokwembali, amantombazana ebefudula enqaphazeka kakhulu kwezi zifundo, ngoko ke intatho-nxaxheba enyukileyo kuwo iya kuba sisalathisi esibalulekileyo esikhombisa ukuthambekela ngakwinqanaba le-FET elizinze nangakumbi ngokwesini.

Umthombo:

UPhando loNyaka IweZikolo luqulathe iinkcukacha zamanani abafundi abangamakhwenkwe nabangamantombazana abathabatha iMathematika neNzululwazi kuMabanga 10 – 12, kwaye lukwanika nesalathiso/inkomba setotali yenani labafundi kula mabanga.

- **KGS217: Umyinge wenkqubela yomsebenzi wezona zikolo ziphantse zibe ziwavinjwe amathuba xa kuthelekiswa nezo zinamathuba amaninzi ngokubhekiselele kumyinge wokuphumelela/iqondo lokupasa kwibanga 12**

Le yi-avareji yamanqaku eSiqinisekiso seMfundu yamaBanga aPhakamileyo abafundi beBanga 12 kwezona zikolo zihluphekayo enxulumene ne-avareji yabona bafundi bahlupheka kancinane, evakaliswe njengepesenti. Ngoko ke esi sikali somgangatho womsebenzi siyafana ne- KGS209.

Umthombo:

Uvimba wolwazi/iinkcukacha-lwazi zeeMviwo zeSiqinisekiso seMfundu yamaBanga aPhakamileyo/iMatriki.

- **KGS218: Umyinge wabaphindayo kuMabanga 8 ukuya ku 12**

Oku kuyafana ne-KGS 213, ngaphandle kwento enye yokuba isikali somgangatho womsebenzi sijongene nje naMabanga 8 ukuya ku-12.

Umthombo:

I-WCED, ngokwembali, iqokelele iinkcukacha ngabafundi abaphindayo, ngendlela equkanisayo, kwizikolo emva kweenyanga ezintathu uqalile unyaka olandelayo wokufunda. Ngako ke, uphicotho olwenziwe kwizikolo ezichongiwego lubonise ukuba ezi nkukacha azinako ukuhlala zichanekile. Inkubo yokulanda umkhondo wabafundi yaqaliswa ngowama-2006 waza unyaka wesikolo ka-2006 wabonwa njengonyaka welinge noqhelaniso ukuze kuhyowane neengxaki ezinxulumene nokuqaliswa kwenkqubo. Inkubo yobhengezo yekhompyutha yagqitywa ngempumelelo ngo-2006 yaza nenqubo yekhompyutha yeSnap yaqukunzelwa ngowama-2007. Kwingxelo elandelayo iSebe liza kukwazi ukunika ingxelo ngabo bafundi baphindayo kwiphondo kananjalo nabo bafundi baphuma phakathi kunyaka wokufunda ka-2007.

- **KGS219: Umyinge wokupumelela kwiimviwo zeBanga 12**

Le yitotali yenani labaphumelela iSiqinisekiso seMfundu samaBanga aPhakamileyo enyakeni, yahlulahlulwe ngetotali yenani labo babudala buli-18. Oku akufani nomyinge wokuphumelela kweMatriki. Esi sikali somgangatho womsebenzi sithabathela ingqalelo izinto ezimbini. Okokuqala, sithabathela ingqalelo ukuba bangaphi abalulutsha abathabatha inxaxheba kwiimviwo. Okwesibini, sithabathela ingqalelo ukuba bangaphi abatsha ababhala iimviwo, baphinde baziphumelele.

Umthombo:

Ingxelo yeemviwo zeSiqinisekiso seMfundu yamaBanga aPhakamileyo zonyaka ophelileyo. Abantu ababudala buli-18 iminyaka bamiliselwa kwiintelekelelo-manani zabantu bebonke ezinikezelwe yi-DoE.

- **KGS220: Umyinge wokuphumelela kwiBanga 12 kwimathematika nezenzululwazi**

Le yitotali yenani labafundi abaphumelela mhlawumbi iimviwo zeSiqinisekiso seMfundu ePhakamileyo zenzululwazi okanye ezemathematika enyakeni, yahlulahlulwe ngetotali yenani lababudala buli-18. Njengomyinge uwonke wokuphumelela (jonga i-KGS219), esi sikali somgangatho womsebenzi sinika ingcingane nolwazana lendlela inkubo yezemfundo ekhupha ngayo iziphumo ezihle ngokunxulumene nenani labantu bebonke.

Umthombo:

Uvima wolwazi weeMviwo zeSiqinisekiso seMfundu yamaBanga aPhakamileyo uqulathe iinkcukacha malunga nenani labafundi abaphumelele iimviwo zeSiqinisekiso seMfundu yamaBanga aPhakamileyo kwiNzululwazi okanye iMathematika okanye zombini. I-DoE inikezela ngeentelekelelo-manani zabantu bebonke ababudala buli-18 kwiPhondo.

► **KGS221: Ipesenti yabafundi beBanga 9 abafumana iziphumo ezamkelekileyo zemfundu kuzo yonke imimandla yokufunda**

Esi sikali somgangatho womsebenzi sibonisa ipesenti yabo bonke abafundi beBanga 9 abathi, nge-avareji, bafumane iziphumo ezamkelekileyo zokufunda.

Umthombo:

Iziphumo zeBanga 9.

► **KGS301: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali zikarhulumente ezityelweyo ngeenjongo zohlolo nokwaluswa**

Le yipesenti yezikolo ezizimeleyo ezifumana isibonelelo sikarhulumente ezityelwayo liSebe apha enyakeni ngeenjongo zokwaluswa nolawulo lomgangatho wemfundu. Kubaluekile ukuba urhulumente awoluse umgangatho wekufunda okuqhube ka kwizikolo ezizimeleyo, kwaye ngakumbi kwezo zifumana izibonelelo zikarhulumente, aze athabathe inyathelo aphi ubuncinane beimigangatho bungafikelela khona.

Umthombo:

AMaziko oLawulo noPhuhliso lwezeMfundu.

► **KGS401: Ipesenti yabantwana abanezidiso ezizodwa ababudala bunyanzelisa ukuba bahambe isikolo nabangabhaliswanga kumaziko emfundu**

Le yipesenti yabantwana abakhubazekileyo ababudala bunyanzelisa ukuba bahambe isikolo abangabhaliswanga kulo naliphi na iziko lemfundo. Kubalulekile ukuba urhulumente ukuba enze unako-nako ukuze aba bafundi bafikelele ngokwaneleyo nangokufanelekileyo kwizikolo ezizodwa nezikolo zikawonke-wonke zikarhulumente. Ngokuqinisekileyo, esi sikali somgangatho womsebenzi kufuneka sithwale ixabiso le-0%.

Umthombo:

Imibuzo esemxholweni nefanelekileyo kuPhando IwamaKhaya Jikelele isetyenzisiwe.

► **KGS501: Inani labafundi beekholeji ze-FET ngokunxulumene nolutsha kwiphondo**

Eli linani labafundi beekholeji ze-FET, babo bonke ubudala, lahlulahlulwe ngenani lolutsha olubudala buli-16 ukuya kwi-18. Nangona abafundi abaninzi beekholeji ze-FET benokuba ngaphezelu kobudala be-18, esi sikali somgangatho womsebenzi sinika umfanekiso olucedo ngendlela entle iikholeji ze-FET ezifikelela ngayo kulutsha kwanabantu bebonke.

Umthombo:

Kwiminyaka ekungabalwa bantu ngayo, amanani abantu bebonke afunyanwa kuPhando IwamaKhaya Jikelele olulolona phando Iwangokutsha nje okanye iintelekelelo zabantu bebonke njengoko zinikeziwe yi-DoE. Ubalo ngokweeNtloko lwe-FET lufumaneka kwiiKholeji ze-FET.

► **KGS502: Ipesenti yabafundi abangamabhinqa abakumacandelo ezifundo zobugcisa nobuchule**

Le yipesenti yabo bonke abafundi ababahinqileyo kwiikholeji ze-FET ababhalisele izifundo zobunjineli namanye amacandelo ezobugcisa nobuchule. Ngokwembali, ubhaliso Iwamabhinqa kula macandelo belufudula luphantsi kakhulu. Ngenxa yomdla wokulungelelanisa ulingano ngokwesini, le meko kufuneka iphucukile.

Umthombo:

Nangona iiRekhodi zoBhaliso IweeKholeji kufanele ukuba zibe nazo zonke ezi nkukacha ukuze kubalwe le KGS, akukho ndlela icingwe ngokuhuzekileyo okwangoku yee-PED okanye ye-DoE yokujongana noku kuqokelela kwezi nkukacha. linkcukacha zale KGS okwakaloku nje zifumaneka kwiiKholeji ze-FET.

► **KGS503: Umyinge wempumelelo yabafundi ababhalisileyo kwiikholeji ze-FET ekupheleni kweenkqubo zabo**

Eli linani labafundi abaphumelelayo kwiimviwo zokuphela konyaka, elahlulahlulwe netotali yenani labafundi abangena kwisixokelelwano seekholeji ze-FET ngenjongo yokuphumelela iimviwo.

Umthombo:

Ukuqokelela ezi nkukacha-lwazi okwangoku yinkqubo engelula, nto leyo eza kufuna ukuba zonke iikholeji ziqeqeshwe ukuze ziylizisekise. (Akukho luvilo luhleleke ngokuthe ngqo, oluchotshelwa kanye ngonyaka ngabo bonke abafundi, oluza kinika isiseko eslilula sokwenza ezi zibalo, kuba akekho mnye ugunyaziwe weemviwo – i-SETA nganye ineemfuno zayo zokuhola iinkqubo zayo). linkcukacha-lwazi zale KGS okwangoku zifumanwa kwiiKholeji ze-FET.

► **KGS504: Ipesenti yabafundi ababekwe kwizifundo zokuqeleshelwa amava omsebenzi ngokusebenzisa iikholeji ze-FET**

Aba ngabafundi abakwizifundo zokuqeleshelwa amava omsebenzi abafumana uqeqesho lwabo kwikholeji ye-FET, njengepesenti yabo bonke abafundi abakwizifudo zokuqeleshelwa amava omsebenzi kwiphondo. Esi sikali somgangatho womsebenzi sibonisa indlela ezisebenza ngempumelelo ngayo iikholeji ze-FET ekulobeleni abafundi kwinkubo yezfundo zokuqeleshelwa amava omsebenzi.

Umthombo:

Ugcino lweerekodi kumsebenzi wokufundela amava omsebenzi kwiikholeji ze-FET ayigomsebenzi ugqibelete ncam, kuba izixokelewano ze-IT zezi kholeji azilulungiselwanga ngokucacileyo olu hlobo lwamanyathelo ongenelelo. Izifundo zokuqeleshelwa amava omsebenzi ayingomcimbi uphambili wekholeji ze-FET (uzihlawulela ngokwawo). likholeji ziqhuba izifundo zokuqeleshelwa amava omsebenzi njengeeyunithi zomcimbi ozimeleyo, kuqeshwa abasebenzi (bokulawula, ootishala, iimanjala zeeprojekthi, njl.njl). Ukuqaliswa nokusetyenziswa ngemfezeko kwe- FETMIS (inkqubo yokulanda umkhondo wabafundi yeeholeji ze-FET) kuza kuthi kwixa elizayo kuncedise ekunikezelweni negezi nkukacha.

► **KGS601: INani labafundi baka-ABET abanxulumene nabadala kwiphondo**

Eli linani labafundi ababhalise kumaziko karhulumente ka-ABET, elahlulahlulwe ngetotali yenani labadala kwinani labantu bebonke. Le pesenti inika umboniso wendlela oluxananaze noluxhaphake ngayo ubonelelo lukarhulumente lwe-ABET kwiphondo.

Umthombo:

Kwiminyaka ekungabalwa bantu ngayo amanani abantu bebonke abadala afunyenwe kuPhando lwamaKhaya Jikelele lwalo nyaka kuthethwa ngaye okanye amanani aqikekelwayo abantu bebonke njengoko benikiwe yi-DoE.

► **KGS701: Ipesenti yabafundi abakwiBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente**

Le yitotali yenani labafundi abakwiBanga R elixhaswa ngezimali ngurhulumente (kwizikolo zikarhulumente okanye kumaziko oluntu), eyahlulahlulwe ngenani labantwana bonke abaminyaka mihlau kabantu bebonke. Nangona ingeyonjongo karhulumente ukufikela kwi-100% ngokubhekiselele kwesi sikali somgangatho womsebenzi (abanye abafundi bangalindeleka ukuba baye kumaziko abucala), umgaqo-nkqubo umisela ukuba ngo-2010 kufuneka ukuba sibe sele sifikelele kwelona nqanaba liphezulu, eliphakathi kwama-80% nama-90%.

Umthombo:

Nangona i-ASS ingathathyathwa njengomthombo wovimba wolwazi owaneleyo kwiBanga R elisekelwe esikolweni, okwangoku awukaqukumbeli amanxiwa asekelwe kuluntu. Nangona injongo yePhepha 5 leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo yayikukuba i-10% zabafundi okanye ngaphantsi bafakwe kumanxiwa ezisekelwe kuluntu, ukufezekiswa koko kumaphondo awohluhileyo kuhokelele kwimeko apho uninzi lwabafundi lusebenzise kakhulu amanxiwa asekelwe kuluntu. Amanani asuka kwi-ASS, ke ngoko,aza kuthi angachaneki ngolona hlobo.

Ukufikeleleka kwamanxiwa emfundo asezilalini nakwiindawo ezssemaphandleni lusathe gqolo lungumceli-mnjeni kwii-EMDCs. Oku kukwaqhaleisa uqokelelo uvimba weenkukacha-lwazi ezichanekileyo malunga neBanga R kuMaziko oLuntu nanjengoko amaninzi kuwo akwiiNdawo zaMatyotyombe, ezineedilesi ezingacacanga ukuze kuthunyelwe amaxwebhu ophando. Ukuqinisekiswa kobudala kuzo zonke iisayithi kubalulekilekuze kuqinisekiswe ukuchaneka kwamabango.

Nangona kukho imiceli-mnjeni yemithombo yovimba beenkukacha-lwazi, i-GHS ngowona mthombo wovimba wolwazi ufanelekileyo ukuba usetyenziselwe inani elisezantsi (idinomineyitha) yale KGS.

## **IPHEPHA ELILANDULAYO**

Olu xwebhu, luxwebhu oluguqulweyo oluyikopi yoxwebhu lweKomiti yophicotho olwatyikitywa lwaza lwamkelwa, kwaye iKomiti yoPhicotho ehlanganisiweyo ayinakubekwa butyala xa kuthe kwafumaniseka ukuba akugulwanga ngokuchanekileyo xa bekuguqulwa.

## ICANDELO 3 – INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO

INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO YORHULUMENTE WEPHONDO LENTSHONA KOLONI ENGESEBE LEZEMFUNDO (IVOTI 5) YONYAKA-MALI OPHELE NGOMHLA WAMA 31 MATSHI 2008.

### 1. Intshayelolo

IKomiti yoPhicotho inovuyo ukuthi thaca ingxelo yayo yalo nyaka-mali uchazwe ngentla ophele ngomhla wama 31 Matshi 2008.

### 2. Amalungu eKomiti yoPhicotho noZimaso IweeNtlanganiso zayo

2.1 IKomiti yoPhicotho inala malungu adweliswe ngezantsi apha. Kufuneka idibane ebuncinaneni ka 4 ngonyaka ngokweMigqaliselo yayo eyamkelwego. Kulo nyaka umiyo kubanjwe iindibano ezisi-7:

2.2 Amalungu alo nyaka	Inani leendibano ezizinyasiweyo
Mnu RG Nicholls (Usihlalo)	7
Gqr L Kathan	6
Mnu J January (Ikhontrakthi iphelelwwe ngoAgasti 2007).	3
Mnu R Lalu (Ikhontrakthi iphelelwwe ngoAgasti 2007).	5
Mnu M Joshua (Ubeke phantsi iintambo ngowe-7 Epreli 2008).	5
Nksz B Daries (Wonyulwe ngowe-1 Disemba 2007)	
Nksz P White (Wonyulwe ngowe-1 Disemba 2007)	

### 3. Uxanduva IweKomiti yoPhicotho

IKomiti yoPhicotho inike ingxelo yokuba iluthobele uxanduva lwayo olubhalwe kwiCandelo 38 (1)(a) lomthetho iPublic Finance Management Act, 1999 (Umthetho 1 ka-1999) neMiqathango yeSebe looNondyebo 3.1.13 njengoko kuyimfuneko.

IKomiti yoPhicotho ikwanike ingxelo yokuba iyamkele iMigqaliselo yokuSebenza esesikweni njengetshatha yayo yekomiti yophicotho, kungokunje imicimbi yayo yenziva kulandelwa le tshatha yaye lonke uxanduva lwayo iluphumezile ilandela imigaqo ekule tshatha.

IKomiti khange inikwe ithuba lokuvavanya iiNgxelo zeziMali zoNyaka ezipngaphicothwanga ekufuneka le komiti izivavanyile ngokweSikhokelo seOfisi kaNondyebo yeSizwe ukuze kuLungiselelwwe iiNgxelo zoNyaka zeSahluko 1.

### 4. Ukusebenza ngeMpumelelo koLawulo IwaNgaphakathi

Ngokokubona kwethu, ngokwengxelo ezifunyenwe kubaboneleli ngeenkonzo nolwazi olufunyenwe kwiintlanganiso zethu zekomiti yophicotho, imeko yolawulo lwangaphakathi inobuthathaka obungamkelekanga yaye ifuna ukomelezwa ngokumandla kunyaka-mali ophela ngomhla wama 31 Matshi 2009. Sikwakholelwa nokuba iziphumo zeengxelo ezinikwe ngababoneleli ngeenkonzo zophicotho kufuneka zidale inguqu encumisayo.

Izinto ekufuneka zenziwe ukuphumeza nokugada inkqubela-phambili kwiziphumo zophicotho zisengumceli-mngeni kulo Nyaka uMtsha.

### 5. Uphicotho Lwangaphakathi

Njengoko kuchazwe kule minyaka idlulileyo yiKomiti yoPhicotho, uphicotho alukhange lugqibelete ngokwaneleyo ukudala inguqu encumisayo efunekeyo ngokweziphumo zeengxelo zababoneleli ziinkonzo zophicotho. Inkqubo yophicotho lwangaphakathi kufuneka iqwalaselwe ngokutsha ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba kubonelelwya ngomgangatho onguwo ukuhlangabezana nobuthathaka obalathiweyo nokwenza lula ulungiso oluyimfuneko.

Amaphulo otshintsho nesicwangciso sophicotho sika- 2007/08 aqulunqwe kusetyenziswa ulwazi oluphuma kwiKomiti yoPhicotho kanye nesebe ukunceda inkqubo yoPhicotho IwaNgaphakathi ukuba ibe neli xabiso lifunekayo.

Oku akukhange kuphunyezwe kulo unyaka wokunikwa kwengxelo.

**6. Umgangatho weengxelo zolawulo zenyanga/ezekota ezingeniswe kulandelwa i-PFMA nomthetho i-Division of Revenue Act**

Ngokokwethu ukubona, kufikelelwwe kuzo zonke iimfuno zePFMA nezomthetho i-Division of Revenue Act kwiingxelo zenyanga nezekota ezenziwego nezihanjiswe kubantu abachaphazeleka kwezemfundo.

Ikomiti yethu ayikachazelwa ngenqubo yokuHlola iingxelo ezikhutshwayo apha enyakeni. Loo nkqubo leyo ingenza ukuba ikomiti ikwazi ukuhlola ngempumelelo nayiphi into etenxileyo efumanekayo kwiingxelo. Sicele ukuba iKomiti yoPhicotho yangaphakathi isenzele lo msebenzi.

**7. Ubugcisa bolwazi**

